


# ISITSHIXO SOMNYANGO

 Ilungelo elilodwa lokuba semnqubeni! Ibiyinto encinci ebedingayilindelanga, nayo. Mna, ndisazi ngokuhlwanje ibubusuku bomthendeleko, bendihlala ndithanda, ukuba ndikho naphina, ukungena kumthendeleko. Ngenxa yokuba uyi...Ndinga ukuba onke amaKristu kufuneka alindele ngolangazelelo ukuthatha umthendeleko, kuba uYesu wathi, “Ukuba anithanga niwudle, aninasabelo naM.” Ngoko ke, kuli...kusoloko kulilungelo elilodwa elikhulu uku—ukungena emnqubeni. Ngoko, ngokuhlwanje, uMzalwana uNeville ebebutshotarha kancinane nje, kwaye—kwaye ethande ukuba ndingathetha nebandla lethu. Ndamxelela ukuba ndingakuvuyela ukwenza njalo. Ndingathanda ukwazisa kwakhona ukuba . . .

<sup>2</sup> Ngomso ebusuku yintlanganiso yamadoda, amathenjwa, ngomso ebusuku, kunye noosomashishini balapha ebandleni, kwintlanganiso yabo yarhoqo ebusuku ngoMvulo kunye nesabo . . .banesigqibo ekumele basenze kunye nonokotraka. Ndinga ukuba nonke niyaqonda ukuba amaphepha ethu—ethu—ethu adlula, kwaye siza kukwazi ukwakha icawa. Kwaye ke iyahamba, kwaye iya kuqala mhlawumbi kule veiki. Icawa iyaqala ukunyuka kule veiki, ngokokwazi kwam. Kwaye basala ngaloo nto, apha eJeffersonville. Kodwa saya e-Indianapolis, kwiphondo, kwaye basinika invume, ngoko sizakuyakha. Kwaye ke iqala, mhlawumbi, kule veiki. Izokwaziwa emva kwentlanganiso ngomso ebusuku. Kwaye emva kwentlanganiso ngomso ebusuku, ukuba abaqali kule veiki, ukuba kukho into eyenzekayo, unokotraka akakwazi ukuqala kule veiki, ngoko uza kuqala kwiveiki elandelayo.

<sup>3</sup> Kwaye kule mpelaveki izayo, ngoMgqibelo ebusuku, ngeCawe kusasa nangeCawe ebusuku, kwiveki ezayo, kuloMgqibelo ulandelayo uzayo nangeCawe, iNkosi ithandile, ndifuna ukuba no—no—nomhlangano ontlantlo-ntathu kwakhona, njengoko senzile kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo. Kuze emva kokuba si . . .Oko iyakuba ngoMgqibelo ebusuku, kwaye emva koko ngeCawe kusasa, kuze emva koko ubusuku beCawa. Kule ilandelayo, iyakuba ngomhla weshumi elinesithathu kunye neshumi elinesine kule nyanga.

<sup>4</sup> Ke ngoko abanye babazalwana kunye nam siyemka emva kwelo xesha, ukuya ngaphaya eColorado, kuhambo lokuzingela, emva koko sibuye. Ukuba umnquba, wakuba ugqityiwe, ukuba yintando yeNkosi, Ndifuna ukuthabatha, mhlawumbi, iveiki epheleleyo phambi kokuba ndihambe kwakhona kwimihlangano, ndibe na*Matywina Asixhenxe* eSityhilelo.

Ngaphambili nje. . . Njengokuba sasinazo *Izigaba Ezisixhenxe ZeBandla*, ngoku nga*Matywina Asixhenxe* okulandela Oko.

<sup>5</sup> Kwaye mhlawumbi malunga neeveki ezimbini okanye ezintathu ezizayo, kuba ndicinga ukuba babanga bona, ngamadoda abazakuthi bawabeke kuwo, banako, singawakha umnquba kwaye sibe nawo malunga neentsuku ezilishumi, okanye ishumi elinesihlanu, into enjalo. Ngoko ke sizakuba negumbi lokuhlala apha malunga nabantu abaphindwe kabini esinabo, okanye kathathu, mhlawumbi abantu abaninzi. Kwaye leyo yindlela endandilindle ngayo kwade kwangelo xesha.

<sup>6</sup> Ngokuba, ngoMgqibelo nangeCawe yokugqibela, bekusoyikeka, uyazi. Abantu babemi apha phandle ngentsimbi yesibini emva kwemini, ukuzalisa umnquba, phambi kokuba ibandla libe nokuvulwa. Ngentsasa elandelayo, ngentsimbi yesihlanu, umongikazi uhlala ecaleni kwam, evela phezulu phaya, wathi, “Kwakukho abantu nje abamise konke ukujikeleza umnquba ngentsimbi yesihlanu kusasa.” Ke, baze ke abantu, bakuba bengenile, akukho ndawo, kwaye bayadimazeka baze bemke. Kwaye—kwaye ke abo bemileyo, kwaye bafumba kwaye baxinana ezipasejini, baziva bexinene, nayo yonke into. Kwaye ndibona abafazi bem phaya, bebila, uyazi, ngolo hlobo, nombilo ubaleka kubo. Kwaye enye indoda yancama yanikeza ngesayo, umfazi othile isitulo; kwaye ke iyakuma ide imilenze yayo ibe buhlungu, aze omnye umntu ayinike. Uyazi, kwaye ngolo hlobo, kwaye kulusizi, kunye noomama abanabantwana abancinci abagulayo na njalo njalo, imbi loo nto.

<sup>7</sup> Ke, sizama ukukuphelisa oko ngoku ngokwakha umnquba omkhulu. Kwaye siya kuba nendawo entle apho abantwana, ngelinye ixesha. . . kwaye baphazamise, njengabantwana abancinci belila; ke, sizakuba negumbi laloo nto, ukuze oomama bangene, futhi babone inkonzo, kwaye isasazwe kanye kwigumbi. Kwaye sibe namagumbi esikolo seCawe nayo yonke into icwangciswe ngendlela ekumele ukuba yiyo. Kwaye oko, ukuba iNkosi ithandile, kwenzeka, ukuza kule veki izayo.

<sup>8</sup> Nonke nivote ngekholo leepesenti kuyo, ke siye sabambelela ngqo kuloo nto, yabona. Ibandla lizimele. Into ethethwa libandla, yiloo nto. Amathenjwa okanye akukho mntu wumbi. . . Amathenjwa wona nje, mntu ngamnye, ivoti. Umalusi yivoti enye nje. Libandla, okokuba yi—yintando yesininzi yebandla, ukongama kwebandla. Ibandla, lilonke, liyathetha. Kuko konke. Kwaye siyayithanda loo nto, ngokuba asinabo oobhishophu namaqela olawulo okanye abaveleli okanye njalo njalo ukusixelela *oku*, okuya, okanye *okunye*. NguMoya oyiNgcwele ebandleni, othethayo. Ndiyaluthanda olo lawulo, kwaye lulungile kakhulu.

<sup>9</sup> Kwaye ndabuza, “Ingaba nonke benifuna ukulinda side sibe nento eyaneleyo yokususa umnquba ukuze sakhe

icawa enkulu?” Loo nto yayikwibhodi yamathenjwa, kwaye yayingenakulungiswa ngamathenjwa. Baze ke bandibuza, njengomveleli jikelele, ukuba ndize ndibuze ibandla. Ndiye ndathi ke, “Ngoku sinemali eyaneleyo yokwandisa ubungakanani becawa kwaye siyilungise ngokwahlukileyo, nayo yonke into, kunoko besinako.” Ndathi, “Ngoku singakwenza oko kwangoko, okanye sigcine imali yethu side sifumane eyaneleyo yokubeka inkonzo epheleleyo, entsha, kwenye indawo.”

<sup>10</sup> Kwaye siye sayivotela loo nto ebandleni, kwaye yavotelwa ngamxhelo mnye “beka ibandla kanye ngoku, kwaye yakha nje icawa enkulu ngoku.” Kwaye siye sahlala kanye nokuya.

<sup>11</sup> Kwaye ibhodi apha eJeffersonville yasala, yathi asinakuyenza. Saze sayiwela loo nto, saya e-Indianapolis saza safaka iPhondo kuyo. Kwaye emva koko balibuyisela ilizwi, lokuba, “qhubekani,” sinelungelo lendlela yokuyakha. Ke ngoko isixeko asinanto yakwenza nayo ngoku, liPhondo elimelwe kukuyenza. Ngoko ke sinemvume, kwaye unokontraka unayo i—imvume esandleni sakhe ngoku, kwaye ndicinga ukuba bakulungele ukuqala nangaliphi na ixesha.

<sup>12</sup> Oku ngomso ebusuku, ukuba—ukuba ikontraka ithi ifuna ukuqala kwiveki elandelayo, emva koko ndiyakuyeka nje imihlangano ukwenzela i...side singene ku*Matywina Asixhenxe*. Kwaye ukuba ikontraka ayikwazi ukuqala kwiveki ezayo, ngoko ngeCawa elandelayo, ngoMgqibelo nangeCawa, ndiza kuba nomhlangano ngaphambi kokuba ndihambe.

<sup>13</sup> Kwaye ke bendizakuyenza ngale Cawe, ndaze ndafumanisa ukuba ngokuhlwanje bubusuku bomthendeleko, ndiye ndayiyeka ngale Cawe. Ngokuba, isihlwele esinjalo, awunakuthabatha umthendeleko ngokukhululeka, kwaye ngoko ke xa sinebandla elikhulu singakwazi.

<sup>14</sup> Ngoku, sinoMongameli ozayo. I...owu, uyazi ukuba ndithetha ukuthini, uye nje wasiwa kusapho lakwaHickerson kungekudala. Kwaye udade wethu ongumdlali wepiyano, ukuba unokuza asinike isandi esincinane kwipiyano, sika “Bangenise,” ukuba uyathanda, okanye ingoma encinci yolo hlobo. Eli nene lincinane lilungileyo kusapho lakwaHickerson, ekudala likhangelwe ixesha elide, sele lifikile. Umfo omncinane olungileyo kakhulu, kwaye ngokuqinisekileyo ulilitye elinqabileyo kwabakwaHickerson. Kwaye bonke bangamatye anqabileyo kuthi, siyabathanda kwaye bangumntakwethu nodade wethu ngenene. Siyabulela ukuba nalo mncinci ozelelwe kusapho lwabo, nto leyo eye yaluguqula ngokupheleleyo usapho. Kwaye ukuba bona, utata nomama bayakuzisa lo mfo mncinane ngoku ukuze anikelwe. Ngoku, iSibhalo sithi, “Bazisa kuYe abantwana, neentsana, ukuze Abeke isandla Sakhe phezu kwabo, abasikelele.”

<sup>15</sup> Ngoku, kukho abantu ehlabathini abakholelwa kwinto abayibiza “ubhaptizo lweentsana.” Kwaye, oko kukuthi, bathabatha aba bafo bancinane bangababhaptizi konke konke, kuba, bafefa nje ngamanzi kubo. Ngoku, asikufumani oko naphi na eBhayibhileni, apho bakhe bafefa nabani na, abantu abadala, kungasathethwa ke ngabantwana.

<sup>16</sup> Ke ngoko ubhaptizo sisivumo sokuba umsebenzi wangaphakathi wobabalo wenziwe. Kwaye iintsana ezincinci azinalwazi ngasono. Ngoko ke, xa uYesu wafayo emnqamlezweni, Wafela ukuze asuse isono sehlabathi. Kwaye xa usana lisiba ngumntu, kwaye lizalelwa kweli hlabathi, awanasono esisesabo, ke ngoko abananguquko banokuyenza. Kodwa, xa ela, iGazi likaYesu Kristu lisusa eso sono. Kakade, usana luzalelwa esonweni, libunjelwe ebugwenxeni, luza ehlabathini luthetha ubuxoki, kwaye bangaboni ngemvelo, kodwa iGazi likaYesu Kristu liyayicamagushela loo nto. Kodwa xa usana lufika kwiminyaka yokuziphendulela, kwaye luyazi into elungileyo nengalunganga, ngoko kufuneka liguquke ngenxa yoko likwenzileyo. Isono salo ngoku sisono kanye njengoko luzalelwe esonweni, sisono somntu, isono ngoku sisono u-Adam no-Eva abasenzayo; kwaye oko kwayekwa nguThixo, ngeGazi likaYesu Kristu. Ngoku usana alunazo izono zokuguquka kuzo lude lone, emva koko lumelwe kukuguquka. Yabona? Kwaye xa luguquka, ngoko lixesha lokubhaptizwa, kwaye ngoko lubhaptizwa ngokuntywiliselwa.

<sup>17</sup> De kube lelo xesha, silandela imiyalelo yeBhayibhile, ethi, “Bazisa abantwana kuYesu, ukuze Abeke izandla Zakhe phezu kwabo, abasikelele.” Lo mzali uthandekayo ngokuhlwanje uzisa olu sana luncinane kumalusi kunye nam, ukuze lunikezelwe. Kwaye bavakalelwa kukuba ukulibeka kubameli bezandla zikaKristu, balibeka ezandleni zikaKristu. Ngoko, ngokholo, sithatha usana siluse kuThixo, ukuze sibe nombulelo ngokuluzisa apha, size simcele uThixo alusikelele, ntolelo esiyibiza “ukunikelwa kosana.”

<sup>18</sup> Ngoku, uyazi ukuba bendiyakuba njani ngabantwana bam. Ndinentombazana encinane eBuqaqawulini ngokuhlwanje, kwaye yanikelwa eNkosini, apha esiguqweni. Ndinenkwenkwe encinane nentombazana ehleli phaya emva, ngokuhlwanje, engekaze ibhaptizwe. Omnye, ishumi elinanye, bendithetha naye ngayo namhlanje, uSarah, ukulungiselela ubhaptizo. Kwaye uYosefu uneminyaka esixhenxe kuphela, ngoko usemncinane kakhulu malunga nalo okwangoku, kangangokuba... Ukuba uyalunqwenela, kwaye athi uThixo ebeyibeka entliziyweni yakhe, bendiya kuyenza ngoko. Kodwa, njengeentsana, ndibanikezela nje eNkosini, kuba leyo yimfundiso yeSibhalo ngalo.

<sup>19</sup> Mzalwana uNeville, ukuba ungaphuma nam ngoku ukuya kule nkwenkwe ilungileyo. Bendiso yika... NguHollin

lowo? Hollin? Ehe, Hollin, Junior. UStephen Hollin. Ewe, kulungile. Owu, bendiba ulele. Leyo yindalo yooHickerson, nantoni na eyenzekayo. Ndikhe ndambona ngenye imini, ndathi “uMongameli,” kunye nanjalo njalo. Kwaye, kakade, yayincinane kakhulu loo nto kuye, abona, thetha ngaye njengo “Mongameli.” Wenza kanjani? Ewe, ndiyazi ukuba oko kumiselwe ukuba bubutyebi kuye nawuphi na umama ohlonela uThixo. Ubungayikucinga njalo? Imnandi kakhulu. Kwaye ngoku, Mzalwana uHickerson noDade Hickerson, njengomkhonzi kaKristu, njengomalusi wenu, ndithabathela olu sana, ngokholo, ezingalweni zikaYesu Kristu, Yena lowo eninqwenela ukulubeka ezingalweni Zakhe.

<sup>20</sup> Masithobiseni intloko zethu njengoko umalusi kunye nam simile apha nezandla zethu zikwisana.

<sup>21</sup> Bawo wethu waseZulwini, eBhayibhileni bazisa kuWe abantwana abancinci, ukuze Ubeke izandla Zakho phezu kwabo ubasikelele. Kwaye ngenene, Nkosi, basikelelwa. Kwaye ngoku ukulandela umzekelo Wakhe, izinto Owazenzayo, sizamile ngokusondeleyo, Nkosi, ukufunda iBhayibhile nokulandela umzekelo kanye njengokuba Wenzile. Kwaye lo tata nomama, uMzalwana noDade uHickerson, abafundi bethu abathandekayo apha emnqubeni, bazisa kuthi lentwanana incinci yovuyo Oyibekileyo kwinkathalo yabo. Iphuma kuWe, Nkosi. Ubanike lomntwana. Kwaye ngoku banqwenela ukunikela ubomi bakhe obuncinane kuWe, ukuba bube yinkonzo kuWe. Ndiyathandaza ukuba Usikelele lo mntwana, ukuba Uyakumnika ubomi obude. Wanga angaphila, ukuba kunokwenzeka, abone ukuBuya kweNkosi. Ndiyathandaza ukuba Uyakumsikelela naphi na apho akhoyo. Wanga angakhuliselwa kwikhaya lamaKristu, njengoko athe wazalelwa kulo. Kwaye wanga angaqhubeka kweli khaya. Banga utata nomama bangaphila ukuze babone usana epulpitini, ukuba kunokwenzeka, lushumayela iVangeli. Bangathanda ukulubona ngolo hlobo, Bawo, kunokuba kwi—itrone kwi-White House, okanye naphi na kwenye indawo, kuba bangabakhonzi Bakho, kwaye banqwenela ukuba ubomi bomntwana bube kukunikelwa kunye nentsikelelo emsebenzini kaThixo.

<sup>22</sup> Ngoku ndiyathandaza, Bawo, ukuba Usikelele umntwana. Kwaye lwanga ubabalo lukaThixo lungaba phezu kwakhe, kwaye wanga angaba ngophilileyo kwaye onwabe bonke ubomi bakhe. Kwaye wanga utata nomama bangaphila ukuze bambone ekhula, siyacela kwakhona. Msikelele lowo simsikelelayo eGameni Lakho.

<sup>23</sup> Kwaye ngoku, Stephen Hollin Hickerson omncinane, ndikunikela kuYesu Kristu, ukuze iintsikelelo esizicileleyo zibe nokuza phezu kwakho. Yiba sempilweni womelele, mzalwana wam omncinane, kwaye wanga ungaphila umzukise uThixo. EGameni likaYesu Kristu siyakucela. Amen.

UTHixo akusikelele. UThixo anisikelele nonke. Olulunge kakhulu usana.

Apho singasayi kuguga, singaze singasayi  
kuguga,  
Ezweni apho singasayi kuguga;  
Akukho kuguga, akukho kuguga,  
Ezweni apho singasayi kuguga.

<sup>24</sup> Ayisayi kuba yinto emangalisayo? Abancinci baya kuba badala, kwaye abadala babe bancinci. Ngoku, akumangalisi oko? Kwaye asinakuze sigule, okanye singaze sibe nalusizi, okanye singaze sife.

<sup>25</sup> Ngoku, iinkonzo, uMzalwana Neville uzazisile. Ndifuna ukwazisa ngoku, kananjalo, ukuba laa mhlango, ningawulibali, kunye nemihlangano athe wathetha ngayo. Kananjalo, uNksk. Ford obeqhele ukuza ebandleni kwiminyaka eyadlulayo, ndandisandula ukumsa kwintombi yakhe, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, kwaye unamashumi asibhozo eminyaka ubudala, kwaye uye kuhlangana neNkosi phezo ngentsimbi yesibhozo, ndiyacinga. Kwaye iinkonzo zakhe, umalusi kunye nam sizakuzibamba kwicawa yaseCoots ngoLwesithathu, ngentsimbi yeshumi—ngentsimbi yeshumi, ngoLwesithathu ozayo. UNksk. Ford, Nksk... Ndingcinga ndiyalibala ngubani elakhe... Levi, uNksk. Levi Ford. Yethu... Lowo ngu—ngumama kaLloyd Ford ombonayo kwincwadi yam, ukuba wayeza kundigcinela laa suti yeBoy Scout, ndaze ndafumana umlenze omnye oseleyo. Ngoku, lowo ngu—ngumama wenkwenkwe leyo. Ngoko ndamnyusa ngenye imini ndathandaza kunye naye, usizi lwento endala. Kwaye undulukile ukuya kuhlangana neNkosi uYesu.

<sup>26</sup> Ngoku, ukuba iNkosi ithandile, ndinento apha endinokwazisa ngayo inkonzo, ukuba beza kule veki izayo, ukuba ndibabeke apha, okanye bencinga ukuba ndiyenzile, malunga nento ebendiza kuthetha ngayo ukwenzela e—e—ezayo, le nkonzo izayo yeveki elandelayo. Ukuba ndi—ndicinga... Ndingcinga ukuba ndiyibeke kule ncwadi, andazi nokuba ndiyifakile okanye hayi. Ewe, nantsi. INkosi ithandile, ngoMgqibelo ebusuku ndifuna ukushumayela ngomxholo othi *Kutheni Indoda Enye Iphembelela Ubomi Bomnye*. Kwaye kusasa ngeCawe ndifuna ukushumayela ku *Ukuthweswa KwePiramide*. Kwaye ngobusuku beCawe ndifuna ukushumayela ngoMkhokeli Wam, umxholo, uMkhokeli Wam, kobu busuku bangeCawe izayo. Ngoku yanga iNkosi ingasisikelela ezo zinto kwaye indinceda, njengokuba bendiphumile, kunye nomxholwana nje wokuzithabatha.

<sup>27</sup> Ngoku ngokuhlwanje, sifuna ukukhawulezisa sibe nezinto ezimbalwa. Phofu ke, ndineleta apha e—esandula kungena ngeposi, njengoko uBilly wayithabathayo kumzuzwana

odlulileyo, yokokuba abathile abazalwana baseMichigan, kwaye oku kuvela kumbutho wabalungiseleli onezinto ezininzi. Yiloo nto eyenza izinto ziphixana, uyabona. Okokuba, babanga apha ukuba abazalwana abathile phaya phezulu abathi ndabathumela phaya phezulu, yaye bashumayela ukuba amadoda afanele abashiye abafazi bawo aze azingele amaqabane awo okomoya, kwaye ukuba—ukuba andinampazamo ngokupheleleyo. Ukuba akukho nto . . . Kwaye, owu, ezinye zezona zinto zoyikekayo wakha waziva. Kwaye umbutho wabalungiseleli uyifumene, kwaye bandibhalela ileta ngayo, nokokuba ndibathumele phaya phezulu kwaye ibangela ukubhideka okukhulu. Kwaye abanye kubo beprofeta besithi indoda mayimshiye *lo* nkosikazi ize imke itshate *lan*kosikazi. Ngoku, eli bandla liyazi ukuba asimelanga ubuvuvu obunjalo obulolo hlobo.

<sup>28</sup> Siyakholelwa eBhayibhileni. Siyakholwa ukuba xa indoda ithabatha umfazi, leyo yinkosikazi yayo, kwaye kukufa kuphela okunokubahlula. Yiyo kuphela. Asizikholelwa izinto ezinjalo ezinjeya. Asikholelwa kuthando lwasimahla, kanaanjalo. Asikholelwa kwezo zinto. Sikholelwa ngokupheleleyo eBhayibhileni, kwaye Leyo yodwa. Ngoko ndiza kuyifota nje, ikopi yale leta, ndize ndinikele impendulo yam kuyo ndize ndiyifake koolindexsha, kwaye kuya—kuya kuyenza loo nto. Ndiyathemba ukuba iyakwenza, nakanjani na, iphendule kubo.

<sup>29</sup> Ngoku ngokuhlwanje, kanye phambi kokuba sivule iSibhalo, masithethe neNkosi yethu.

<sup>30</sup> Bawo wethu waseZulwini, sisondela kwiTrone Yakho yenceba, eGameni leNkosi uYesu, Lowa Mkhulu Wehla evela eBuqaqawulini ukuza kucombulula kuthi ubutyebi bobuncwane bukaThixo. SiKubulela kangakanani ngalo Yesu mkhulu Owayesisibonakalaliso sikaThixo, enziwe buqu kuthi, kwaye ngaYe sihlangule kwizono zethu. Kwaye ngoku sidlule ekufeni sangena eBomini, ngokuba siyakholwa kuYe. Kuba kubhaliwe ngaYe, ukuba Wathi, “Lowo uwevayo amaZwi aM akholwe nguLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akayi kuza emgwebeni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini.”

<sup>31</sup> Sikelela aMazwi Akho, ngobubusuku, Nkosi. Kwaye silapha ukuze sithathe umthendeleko nje ngexesha elifutshane. AbangamaKristu, abemi boBukumkani abangamadlelane baya kuhlangule ngasezibingelelweni, kwaye phaya baya kuthabatha oko sikubizayo “umthendeleko,” i—inxalenye encinci yo—yomthendeleko othe Wena wasishiyilela, ukubonisa ukuba siyakholwa ukuba Wafela izono zethu, wabuya wavuka kwakhona ngomhla wesithathu, kwaye uyaphila ngonaphakade, kwaye sikwenza oku ude Ubuye, ngokweZibhalo njengoko siyalalelwe. Zingwalise iintliziyo zethu kwiingcinga ezimbi nakuko konke esikwenzileyo obekuchasene nentando Yakho

enkulu. Bawo, sixolele, kwaye usinike ubabalo Lwakhongokuhlwanje. Siqhekezele ngoku iSonka soBomi, eLizwini, njengokuba siLifunda kwaye sithetha ngaLo. EGameni leNkosi uYesu, siyakucela. Amen.

<sup>32</sup> Ngoku kwiNcwadi yeSityhilelo, ukuqala ngomqolo omnye kuphela, ndinqwenela ukufunda umqolo wama-20, okanye umqolo woku-1 yesahluko sama-20.

*Ndabona ingelosi isihla iphuma ezulwini, inesitshixo senzonzobila nomxokelelwane omkhulu esandleni sayo.*

<sup>33</sup> Ngoku ndinqwenela ukuthetha, ukuba kuyakuba njalo, ukuba ndingayibiza isicatshulwa ukuphuma koku, okanye ndizobe umxholo ophuma kwesi sicutshulwa, ukwenzela imizuzu engamashumi amabini okanye engamashumi amabini anesihlanu ezayo, ndingathanda ukuyibiza ngokuba, *Isitshixo Somnyango*. Ngoku, andinqweneli u—ukuyenza i “izitshixo,” ngokuba uPetros wanikwa “izitshixo zoBukumkani.” Kodwa ndifuna ukukubiza oku: *Isitshixo Somnyango*. Ukuze ngoko kwamsinyane emva koku, ndinqwenela ukunika ukuphawula okumbalwa ngomthendeleko, phambi kokuba siwuthabathe ngokuhlwanje.

<sup>34</sup> Ngoku, isitshixo. Ndiyaqaphela apha njengokuba sifunda, ukuba leNgelosi yehla ivela eZulwini, inesitshixo esandleni sayo. Ndiyakhokha ukuba siSityhilelo 13 okanye 19, sifumana kwakhona, enye iNgelosi isiza nesitshixo. Kwaye isitshixo kukuba, injongo yesitshixo, kukuvula into ethile, into ebitshixiwe, okanye into ekufuneka itshixiwe. Kodwa isitshixo sinikelwe ukwenzela loo njongo.

<sup>35</sup> Ngoku, zininzi iintlobo zezitshixo, kuba sineendlela ezininzi zokusetyenziswa kwezitshixo. Kukho izitshixo zoovimba. Kukho isitshixo sendlu yakho, kukho isitshixo semoto yakho. Kwaye sizibiza ngokuba zizitshixo, kwaye zizitshixo. Kwaye zinokuphinda-phindwa, amaxesha amaninzi. Okanye endlwini, phaya ngamanye amaxesha kunokwenziwa, into esiyibiza, sisitshixo esivula iindawo ezininzi. Ngamanye amagama, sisitshixo esenziwe ngohlobo lweentsimbi zocango, isebenza kuyo, ethi—ethi ijije iqhaga ngendlela ethile kwaye siphantse sivule naluphi na ucango, sibizwa “isitshixo esivula iindawo ezininzi.” Sisakhelo sezitshixo esivula iindawo ezininzi, kwaye sinokuvulwa ngaloo ndlela, ngezindlu zethu okanye kwiimoto zethu, zinokuphinda-phindwa. Kwaye ke kukho. . .

<sup>36</sup> Kwaye nasiphi na isitshixo asinakuvula mnyango de sisetyenziswe ngesandla. Kufuneka sibe nento yokusebenzisa isitshixo. Isitshixo ngokwaso asikwazi ukuzisebenzisa ngokwaso. Kufuneka sibe nento yokusebenzisa isitshixo.

<sup>37</sup> Ifana nale miboko endi—endithetha ngayo. La mboko sisimumu. Ngaphandle kokuba kukho into yokuthetha ngawo, awukwazi ukuthetha ngokwayo. Kufuneka ube nento



yokuthetha ngawo. Ke, ayingomboko, lilizwi okanye i—ingxolo (ngasemva) athi umboko uyigqithisele kwi—iliza lomoya, endlebeni yakho.

<sup>38</sup> Ngoku, yiloo ndlela ekuyiyo ekushumayeleni iVangeli. Ayisithi ngokwethu, njengabalungiseleli, asiyiyo iVangeli. Kodwa singabادلulisi kuphela abasasaza iLizwi likaThixo nge arhente yethu, yabantu, ukuya kumphulaphuli.

<sup>39</sup> Umbono yindlela ekwanye. Andazi nto endinokuyithetha ebandleni ngeli xesha mayela nombono. Kodwa ukuba uMoya oyiNgcwele angabonisa, kuqala, kum umbono, emva koko ndiwudlulisele loo mbono kulowo ubhekiselelwe kuye. Ngoko yayingengowam, mna, umbono yayingendim, mna. YayinguThixo onike umbono, kwaye ndasebenza njengomdlulisi, ukuzisa umyalezo wombono ebantwini.

<sup>40</sup> Ngoku, isitshixo sikwayinto enye. Ndixoleleni. Isitshixo sinokubanjwa kuphela sisandla esivula umnyango. Yabona, imelwe kukuba sisandla. Ngoku, kwisitshixo endiza kuthetha ngaso ngokuhlwanje, sisandla esinye kuphela esinokubamba esi sitshixo, kwaye eso sisandla sokholo. Kuphela kwento eno—enokubamba esi sitshixo. Kwaye izandla zibamba ezinye izitshixo, kwaye kuthatha isandla sokholo kuloo nto.

<sup>41</sup> Ngoku, sithatha njengesitshixo solwazi. Ngoku, indoda imelwe kukuba, ukuba izama ukuqokelela ulwazi, yabona, ngoku, sikho isitshixo kokuya. Kukho indlela yokuba le ndoda kufuneka ivule. Imelwe kukuba . . . ukufumana iincwadi zayo kunye nemfundo yayo, kwaye ayikwazi . . . akukho bani unokuyifundisa. Basenokuyifundisa, kodwa kufuneka ifunde. Kwaye kuphela kwendlela enokwenziwa ngayo, kufuneka ibambe esa sitshixo, ukuba into ethile khona phaya etyhilekayo okanye etyh- . . . ityhila kuye ulwazi elufunayo.

<sup>42</sup> Kwaye kukho abantu abanokuzama ukudlala ipiyano, kwaye bona . . . okanye umculo. Abayazi nje indlela abayenza ngayo, kodwa banokuya phaya kwaye utitshala angathabatha isifundo emva kwesifundo, kwaye babengayi kuyifunda. Abanakukwazi ukubamba eso sitshixo kuloo mfihlakalo, sivakala njani isingqisho kunye nezandi zokucula njalo njalo. Ithatha isitshixo.

<sup>43</sup> Kwaye izibalo, kukho isitshixo kwizibalo, ekufuneka nje uyiqonde. Ndibone amadoda anokuthi athathe imiqolo emine yamanani, abeka iminwe yawo, ngamnye weminwe yawo elukrozweni lwamanani, kwaye ehle nje ngolo hlobo *ngolo* hlobo mhlawumbi amahlanu okanye amathandathu amanani ubunzulu, kwaye abeke impendulo emazantsi. Ukubala imiqolo emine ngexesha, naphi na ukusuka kwisinye ukuya kwithoba. Ke, ndinobunzima bokubala umqolo omnye, ngaphandle kokuba ndineminwe eyaneleyo kunye neenzwane zokubala, uku—ukufumana umqolo omnye uqikelelwe. Andizange nje

ndisifumane eso sitshixo. Kodwa, uyabona, abanye babo banaso nje esa sitshixo kuso, bayazi ukuba kwenziwa njani na.

<sup>44</sup> Kwaye kukho isitshixo kulwazi, indoda emva kolwazi. Kukho isitshixo kwinzululwazi, uphando lwezenzululwazi. Ngoku, kukho, sitshixo esikhulu eso. Abantu bakhangelela eso sitshixo.

<sup>45</sup> Njengalapha kwixesha elithile elidlulileyo bafumana i-atom, kwaye bazi ukuba kwakukho ii-atom, zaze ke ii-athom zenza iimolekyuli njalo njalo. Ngoku, baye bakhangelela, umntu othile wakholelwa ukuba la atom ibambe yonke into kunye, ukuba i-atom inokujikwa, loo nto ingathabatha loo nto iyibambileyo ize iyiqhekeze. Kuba, yonke into ibanjwe yi-atom, siyayazi loo nto. Ngoku, eso sibonda sibanjwe ngee athom. Ubanjwe kunye ngee athom. Ingca, imithi, yonke into ibanjwe kunye ngee athom. Ke, ukuba la atom, ijikela kwicala elinye, ukuba inokwaphulwa ijikwe, ngoko iyakutshabalalisa. Kwaye, ngoku, inzululwazi ezinkulu zikholelwa ukuba oko kunokwenziwa, kwaye zasebenza kwaye zasebenza, kwaye zahlala iyure emva kweyure, iveki emva kweveki, unyaka emva konyaka, de ekugqibeleni bayoyisa.

<sup>46</sup> Yayingu, ndiyakholwa, uThomas Edison, ekukhanyeni, ukuba bathi indoda yayinolwazi lokuba yaninokwazi ukwenza ukukhanya kombane. Ungumyili webhalbhu yesibane. Kwaye wayengafuni nokulala ebusuku. Ubeya kuthabatha isandwitshi esesandleni sakhe atye isidlo sakhe, aze ahlale phaya acinge kwaye asebenze. Ndaweni ithile emva engqondweni yakhe, into ethile yamxelela ukuba angayenza loo nto. Ingaba yintoni? Sisitshixo esinokuvula indlela.

<sup>47</sup> Kungaminyaka mininzi edlulileyo, kwakukho i—indoda ayayikholelwa ukuba yayi netalente yokubhala imicu ehlekisayo. Yakholwa ukuba ibambe isitshixo esandleni sayo. Kwaye wayefuna...wahamba...Wayehlala eKansas. Waya kumhleli wephepha elikhulu kwisiXeko saseKansas, wathatha ezinye zezinto zakhe azibhalileyo wazingenisa. Kwaye umhleli wathi, “Mhlekaazi, awunayo nje. Wena, akukho mfuneko yokuzama, wena—awunakuyenza.” Kodwa oko akuzange kumanelise. Wayesazi ukuba wayenayo. Kwaye wabuyela kwakhona nakwakhona, ezama, kodwa yena (umhleli) wayeya kumala. Ekugqibeleni, waya kwezinye iindawo, zaza zamlandula, zisithi, “Mnumzana, akunayo wena nje. Awunakuyenza.” Kodwa noko wayekholelwa ukuba wayenakho ukuyenza. Kwaye leyo yindlela, unento esandleni sakhe! Ekugqibeleni, wafumana umsebenzi wokubhala umbhalo omncinci, ndiyakholelwa, umhleli okanye into yecawa, uhlobo oluthile lomfanekiso ohlekisayo omncinane webandla. Kwaye waziqeshela encinci yempuku- okanye igaraji ezele ziimpuku, apho iimpuku zazibaleka kuyo yonke indawo nayo yonke into, kumaphepha akhe, waze waqaphela into engaqhelekanga

yempuku ethile encinane. Kulapho lazalelwa khona ibali lika Mickey Mouse. Ngoku ngophindaphindiweyo usozigidi weWalt Disney. Ngoba? Wayenento esandleni sakhe, kwaye wayesazi ukuba uyibambile, wayesazi ukuba angayenza loo nto. Kwaye yindlela yonke impumelelo enkulu eyenziwa ngayo. Xa amadoda nabafazi benento esandleni sabo, abaziyo ukuba bangayenza.

<sup>48</sup> Xa ipoliyo yahlasela isizwe. Njengoko, sonke siyalelwe ngoku ukuba siye kufumana esi sitofu sokugonya, ukuze siyigxothhe. Xa kwabakho ipoliyo . . . Izolo bendimamele ugqirha xa bendiqhuba apha endleleni, ugqirha othile wase Louisville. Wathi, “Kwiminyaka embalwa edlulileyo, xa isibetho esikhulu sabetha iLouisville,” wathi, “ukuba abantu bebenokuma apho ndandimi khona, kwaye babone amashumi amahlanu anesixhenxe ezinto zokungquma iimpumlo ngaxeshanye, namadoda, abafazi, amakhwenkwe kunye namantombazana, abakhubazekileyo sisifo esibizwa ‘ipoliyo,’ yaye kwakungekho nto yayinokwenziwa ngayo.” Wathi, “Andizange ndiphinde ndifune ukubona into enje kwakhona.”

<sup>49</sup> Kodwa inzululwazi yacinga, “Ukuba kukho ububi obufana nepoliyo, ngokuqinisekileyo ikho into enokumelana nayo.” Balwa, bema ezitratweni beneebhutsi, abo bacimi-mlilo, babeka iminqwazi, kwaye bangqiba, bakhathaza, benza yonke into, bezama ukufumana isitshixo sokuvula umnyango wenkululeko. Kwaye, ekugqibeleni, elinye inene elingumKristu eligama linguSalk lafumana isitofu sokugonya. Ngoba? Kwakukho ububi obusesichengeni, kwakukho umbulali owayesesichengeni; kwakukho isitshixo kwindawo ethile esasinokuvula inkululeko kwakhona kumntu, kwaye isitofu sokugonya iSalk yayilolona nyango lubalaseleyo. Owu, yintoni enokwenziwa sisitshixo! Isitofu sokugonya kweziwa naso, kwaye ngoku siyayiphelisa ipoliyo ngolu gonyo, ngokuba yayi “kukungadinwa kwaye kukungaze unikezele,” sokuba isitshixo silele ndaweni ithile. Kwakukho into eyayiza kugonywa kuyo, yaye babezimisele ukuyifumana.

<sup>50</sup> Kwaye ukuba kukho ububi obunjengepoliyo, idiphtheria ukubola komqala, ismallpox ingqakana, iyellow fever ulubhelushe, itetanus uminxano-mihlathi, ilockjaw umhlathinqi, njalo njalo, ukuba inzululwazi, obu bubi, ikwazile ukulwa, imini nobusuku, bada bafumana isitofu kuwo, ngokuba ibububi, ingumbulali, kubekelaphi na ke ukubakho kwesitshixo sokusindisa umntu osentolongweni yesono? Kukho isitshixo saloo mnyango, sokukhulula abantu kuso.

<sup>51</sup> Isitshixo, ngokwesiqhelo, xa sijika ukutshixwa, kwaye, xa ufumana isitshixo, ifanele ibe kubutyebi obuthile, into enexabiso, okanye awungekhe uyitshixe. Ukuba ayifanelekanga ukutshixelwa, yiyeke ihambe. Kodwa xa ixabiseke ukuba itshixelwe! Ke isitshixo sikholisa ukuba lu—luqwalaselo kwinto

ethile, okanye indlela yokungena kwinto enxabiso. Isitshixo, oko yinto esenzelwe yona, ngoku, siya kuvula into enxabiso.

<sup>52</sup> Ngoku sifunda kuYohane oNgcwele, isahluko se-10, uYesu wathi, “Ndim iSango kubuhlanti bezimvu. Ndim iSango,” hayi umnyango, “iSango, okuphela kweSango. Ndim iNdlela, ekuphela kweNdlela, iNyaniso, uBomi, akukho namnye uzayo kuBawo engezi ngaM. Ndim iSango kwisibaya sezimvu kwaye bonke abaza phambi kwaM baziintshaba, amasela nabaphangi.” Yena uliSango ebuhlantini bezimvu. Yena uliSango losindiso.

<sup>53</sup> “Alikho elinye igama elinikiweyo phantsi kweZulu ekufuneka usindiswe ngalo, kuphela ngeGama likaYesu Kristu.” Akukho bandla, akukho hlelo, akukho mgaqo, akukho mfundiso yayo nantoni na; kuphela ngeGama likaYesu. Eso si—eso siSitshixo eso. Akumangalisi ke ngoko ukuba uPetros wasebenzisa esinye sazo ngoMhla wePentekoste! Babefuna ukwazi ukuba bangangena njani na kwelaSango. Wasebenzisa iSitshixo. Kwaye sinye kuphela iSitshixo, ngokuba linye kuphela uSango. “Ndim iSango.” Kwaye uPetros wayeneSitshixo saLo. Kwaye wathi, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono zenu, kwaye niya kufumana ubutyebi bukaThixo.” SiSitshixo kwiSango, kwaye uYesu uliSango.

Linye kuphela iSango kwimpiliso, kwaye uYesu ulelaSango.

<sup>54</sup> Lunye kuphela uSango kuxolo. Ehe. “Ndininika uxolo lwaM.” Ukuphela kweSango kuxolo lokwenyani. Usenokucinga ukuba unoxolo. Usenokuqokelela imali eyaneleyo yokuthenga ikhaya lakho, usenokuqokelela imali eyaneleyo yokuthengela abantwana bakho iimpahla, ube nokutya kokuba utye, kodwa usenokuba uqokelele udumo olwaneleyo ukuze udume phakathi kwabantu. Kodwa xa ukhulula izihlangu zakho ebusuku kwaye ulungele ukungqengqa, iNye kuphela iNto enokukunika uxolo. Oko kukuthi, ukuba ubuyazi ukuba wawusifa ngobo busuku, kukho uXolo olunye kuphela, kwaye, oko kukuthi, uYesu uluXolo. UluXolo lwethu.

<sup>55</sup> UyiMpiliso yethu. “NdinguYehova uThixo wakho ophilisa zonke izifo zakho.”

<sup>56</sup> UluSango oluya eZulwini. Kwaye akukho mnyango wumbi okanye ayikho enye indlela ngaphandle koYesu Kristu. UliSango oluya eZulwini.

<sup>57</sup> Kwaye ngoku uYesu uliSango kuzo zonke ezi zinto, kwaye ukholo sisitshixo esiluvulayo uSango. Ngoku, ukuba uYesu uliSango kuzo zonke ezi zithembiso zikaThixo, ukholo kumsebenzi Wakhe awugqibileyo luvula yonke iminyango kubo bonke ubutyebi obukhoyo ngaphakathi kuBukumkani bukaThixo. Yibone? Isitshixo si...Ukholo sisitshixo esivula sonke isithembiso Asenzayo. Isitshixo sokholo siyakwenza oko,

ukholo kumsebenzi Wakhe ogqityiweyo. Zezi zitshixo sithetha ngazo.

<sup>58</sup> Ngoku kumaHebhere, isahluko se-11, ndinothotho lwazo olubhalwe apha phantsi, lwala magorha okholo. Yayisisitshixo, se—seSango, esavala umlomo weengonyama. Yayisisitshixo, ukholo, esavula izindlu zentolongo. Yayilukholo, isitshixo sokholo, olwacima amandla omlilo, basinda kuhlangothi lwekrele, babuyisela ebomini abafileyo. Yayilukholo, isitshixo sokholo kuThixo ophilayo. Eso sandla, laa ndoda, laa mfazi, onokuthabatha eso sitshixo sokholo, banokusivula sonke isithembiso awasenzayo uThixo. Kodwa ukuba awunaso eso sitshixo, uyaqhubeka nje, awusokuze usivule. Uyakubetha ngokuchasene nayo, ngokuba esi sitshixo. . .

<sup>59</sup> Nasiphi na isitshixo esenziwe ngokuchanekileyo sineentsimbi ngaphakathi kwesitshixi, kwaye ithatha isimo esithile, ubume obuthile bazo izitshixo ukujika ezo ntsimbi. Kwaye intsimbi nje enye encinane ephuma endleleni, iyakonakalisa yonke loo nto.

<sup>60</sup> Ngoko ke, ndiyakholwa kwiVangeli epheleleyo, lonke iLizwi likaThixo, eliwakhululayo amandla kaThixo, loo nto ijika iintsikelelo Zakhe ebantwini. Sisitshixo soMnyango, esiWuvulayo. Owu, loo magorha makhulu, abo baprofeti namadoda amakhulu eBhayibhile, awayenaso eso sitshixo! Sesizathu babe nako ukuwuvula umlomo weengonyama, bacima amandla omlilo, basinda kuhlangothi lwekrele, babuyisele abafileyo ebomini kwakhona, benze zonke iintlobo zemimangaliso, kungenxa yokuba babesibambile eso sitshixo kwaye babesazi ukuba siyasebenza, ngokuba yayisitshixo esizelwe siSibhalo.

<sup>61</sup> Ngoku, ukuba ndiqhubeka ngesitshixo semvumo nkolo, andazi ukuba izakwenza ntoni na. Ukuba bathi “ibandla lam lifundisa *oku*,” andazi malunga noko.

<sup>62</sup> Kodwa xa iBhayibhile iyifundisa, kwaye ndibambe isitshixo sokholo esandleni sam, okanye entliziyweni yam, lonto ithi “elo liLizwi likaThixo,” eliya kucima ugonyamelo lomlilo, liyakuvulela ukuphiliswa kwabagulayo, liyakuvulela usindiso kwabalahlekileyo. Ndimelwe kukuba ndize eMnyango, yonke into iseGameni Lakhe. “Nantoni na eniyenzayo ngelizwi okanye ngesenzo, yenzeni yonke eGameni Lakhe.” Ukwazi ukuba isitshixo onaso lukholo, ngokuba sisitshixo esenziwe siSibhalo. Ngoku, ukuba sisitshixo semvumo nkolo, isitshixo sehlelo, andazi ukuba siyakwenza ntoni na. Kodwa ukuba sisitshixo seSibhalo, siyakuvula, ngokuba uThixo watsho njalo. Ngoku, owu, akumangalisi ukuba babenako ukuluphelisa ugonyamelo lomlilo, nanjalo njalo, babenaso isitshixo.

<sup>63</sup> Ukunqwala kukaThixo okokuqala komnye wabo baprofeti, akukho nto yayinokubanqanda. Bekunganyanzelekanga

ukuba enze njengokuba Yena esenza kum ngelinye ixesha, ukuyiphinda-phinda, kwaye mhlawumbi nawe (ndiyathemba akunjalo), kodwa qhubeka endixelela, “Hamba uyokwenza oku,” kwaye emva koko uya kukhubeka, “Emva koko hamba uyokwenza oku,” kwaye “Buyela umva kwaye uyenze kwakhona, awuyenzanga kakuhle.” Ukunqwala nje okuncinci! Nje, babenakho ukuvakalelwa nje uMoya ubaxelela, “Yinto yokwenziwa,” kwaye akukho nto iya kubanqanda. Mzalwana, ba—ba—bavingca imilomo yeengonyama, basinda kuhlangathi lwekrele, bacima umlilo, benza yonke into. Ukunqwala nje okuncinane okuvela kuThixo, ngokuba babebambe isitshixo esandleni sabo, olwa kholo lukhulu! Benzela izinto uThixo kuba akukho nto iya kubanqanda. Owu, okunjani ukuzuka!

<sup>64</sup> Njengomfana ngaxesha lithile weza kumzalwana omdala owayelixhego elihlonela uThixo, umprofeti omdala kaThixo. Kwaye wayiva loo ndoda ithe rhoqo ukungqina, ithe rhoqo ichaza ukulunga kukaThixo, nokuba wayenjani na uThixo, nento awayeyiyo uKristu, kwaye iqhubela phambili nje, ithetha. Ekugqibeleni, lo mfana wayeza kumiselwa kumsebenzi wobulungiseleli, ngoko ke weza kwesi silumko sithile salupheleyo, waze wathi kuye, “Mhlekazi, ndifuna ukukubuza umbuzo.”

Wathi, “Buza ke, mfana.”

<sup>65</sup> Wathi, “Ingaba uKristu ngenene unentsingiselo kuwe njengoko usitsho Iyayenza?”

<sup>66</sup> Wathi, “Uthetha okungakumbi kum ngaphezu kokuba bendinokuba nomoya wokuthetha!” Nantso ke. Yayiyintoni? Wayesifumene isitshixo.

<sup>67</sup> La mfana wathi, phezu koko, “Ukuba ubanga ezi zinto, kwaye uthi kum ziyinene njengawe, ngoko ndifuna ukwazi laa Yesu mnye, kokuyinene okunye.” Yayiyintoni? Wayesazi ukuba ixhego lalibambe isitshixo, okokuba lalinokuvula kwaye litshixe.

<sup>68</sup> Uyazi, isitshixo esitshixayo, siyavula, kananjalo. Yabona? Unokukhulula okanye ubophe. Injalo lo nto. Isitshixo esikwasinye esitshixayo, siyavula. Isitshixo esivulayo, sinokutshixa. Kwaye yiloo nto kanye, yabona, kuba isebenza ngeendlela zombini. Hayi indlela ekulusizi ngayo ukuba icawa iye yaphulukana nombono wayo ngaloo nto! Enjani yona into elusizi xa ibandla lazithengisa kwiimvumo nkolo, njengoko senzile namhlanje, kwaye ngoku libizela ukumanyana.

<sup>69</sup> Sibonile apho iqela elikhulu uluhlu lokulawula lamaRoma kunye nabo bayakuhlangana khona ngoku, bayakuguqula iinkqubo ezithile. Ndandicinga ukuba abazange baguqule; kodwa baya kuyenza, kakade, ukunika umpriisti ngamnye igunya likapopu, kwaye—kwaye naphi na apho akhoyo, nanjalo njalo. Hayi indlela ekulusizi ngayo, elite ibandla

lazithengisa kwimigaqo endaweni yeLizwi. Yabona? Kulapho basishiye khona isitshixo, kanye phaya. Eso sisizathu sokuba imimangaliso emikhulu nemiqondiso ingenziwayo phakathi kwabantu namhlanje, eyayifudula ikho, baphulukene nesitshixo! Ehe, bayawazi uMnyango, bayayazi ukuba uMnyango uphaya, kodwa into elandelayo sisitshixo sokuvula uMnyango. Ubuncwane busemva koMnyango. Buvalelwe, bungabonwa, kwabangakhulwayo. Kodwa ikholwa, elinokholo nelinokuthabatha isitshixo sokholo, linokuwavula loo Masango. Ewe, Mhlekezazi.

<sup>70</sup> Ngesinye isihlandlo apha kwiminyaka embalwa eyadlulayo, kwakukho umzalwana ongummishinari, kwaye waziva enobizo lokuya e-Afrika. Wayengumfo omncinane; inkosikazi nabantwana ababini, abahle kakhulu, amantombazana aselula, amalunga neminyaka esixhenxe okanye esibhozo ubudala, ngamnye. Kwaye lo mfo uselula akazange akwazi ukumka kuyo. Waye engu—umlungiseleli, wayenenkonzo entle elizweni. Kodwa akazange akwazi ukubaleka kolwa bizo, yena “kufuneka aye e-Afrika.” Kwaye wathandaza imini nobusuku. Wayengafuni ukuhamba. Kwaye waqhubeka uThixo ethetha kuye, “Kufuneka uhambe!” Kwaze ekugqibeleni wafika kwindawo de wa, amanqam, apho, kufuneka a—ahambe!

<sup>71</sup> Ngoko waya kwibhodi yobumishinari yecawe yakhe, waza wathi, “UThixo undibizele emasimini obumishinari emva phaya emahlathini ase—aseRhodesia.” Kwaye kweli hlathi lizele sisifo seengcongconi, umkhuhlane kunye nela langa lishushu, isifo kunye neqhenqa, nazo zonke iintlobo zezifo emva kweli hlathi, kulapho wayeya kwenza khona. . . thatha bonke ubomi bakhe. Wathengisa ikhaya lakhe nako konke awayenako. Ke ibhodi yobumishinari yayifuna ukumvavanya, kwaye bathi, “Uqinisekile ngoku?”

Wathi, “Ndiqinisekile.”

<sup>72</sup> Bathi kuye, “Mhlekezazi, ukhe wayicinga ngale ndlela, ukuba unamantombazana amabini amancinci amahle, kwaye unaye u—umfazi oselula othandekayo, kwaye ukuba nje. . . Kutheni ungayi nje ngaphaya ubone ukuba kunjani emva koko ubuye?”

<sup>73</sup> Wathi, “Hayi, iNkosi yandixelela. Owu, yinyani ngokwenene!” Yathi, “iNkosi yandibiza. Kwaye a—andifuni kulishiya ikhaya lam, andifuni kuyishiya icawa yam nabantu bam, kodwa iNkosi indibizele phaya emva kwelo hlathi.”

<sup>74</sup> Yaza yathi, “Mhlekezazi, ubusazi na ukuba amantombazana akho amancinci angathabatha umkhuhlane ulubhelushe okanye umkhuhlane umanzimnyama, aze afe, ngobusuku nje?” Waza wabhekisa kubantu abohlukeneyo ababephulukene nabantwana babo, abafo abancinci, ukubabuyisela phaya, kwizifo babengenazitofu zokugonyelwa zona. Waze wathi, “Cinga ngeqhenqa, lomfazi wakho omhle, neentombi zakho

ezimbini beneqhenqa, kunye nela langa lishushu kunye nezinto omele umelane nazo.” Wathi, “Awuyoyiki, kunye nengozi yokuthatha abantwana bakho kunye nomfazi ubase kwindawo enjalo?”

<sup>75</sup> Waze ummishinari wema phaya, umfo omncinane, kwaye iinyembezi zaqalisa ukuhla ezidleleni zakhe, wajika, wathi, “Bazalwana bam! Umbono wam wobizo lukaThixo,” wathi, “ukuba uThixo undibizele e-Afrika, abantwana bam kunye nosapho lwam lukhuseleke ngakumbi e-Afrika kunayo nayiphi na indawo emhlabeni.” Amen. Yayiyintoni? Wayenesitshixo kubizo lwakhe, wayenokholo kulento ebethetha ngayo. Owu, ndacinga, enjani yona ukukhalipha intetho! Xana ndaqala ukuya okuya, yabetha ngamandla intliziyo yam. Yabona, “Ukuba uThixo undibizele e-Afrika, abantwana bam kwiqhenqa nesibetho nayo yonke enye into, bakhuseleke ngakumbi apho kunayo nayiphi na enye indawo ebusweni bomhlaba.” Wayenesitshixo. Yiloo nto efunekayo.

<sup>76</sup> Xa ufumene isitshixo, akukho loyiko, akukho ntabuzo, akukho mbuzo. Akuyomfuneko ukuba ubuze nabani na ngaloo nto, uyazi ngokuqinisekileyo. Uyifumene ezandleni zakho, uyayazi ukuba yintoni omawuyenze. Amen. Uyazi ukuba yintoni amanqaku, uyazi ukuba umnyango uya kuvuleka. Uzijongile iintsimbi kwaye uyazi ukuba yeyona nto ilungileyo, ucango luya kuvuleka xa uphosa isitshixo kulo.

<sup>77</sup> Owu, ukuba ibandla belinazo nje izitshixo! Ukuba ibandla kuphela belinaso eso sitshixo sokholo, singawuvula nawuphi umnyango, nasiphi na isifo, nasiphi na isibetho, nayiphi na ingxaki ekhoyo. Inokuvulelwa kuthi ukuba besinokuba nesi sitshixo. Le ndoda yayinesitshixo sobizo lwayo.

<sup>78</sup> Ukuba uya kuxolela ubungqina obubobam. Ndikhumbula malunga neshumi elinesihlanu, ishumi elinesixhenxe leminyaka eyadlulayo ngoku, malunga, xana iNkosi yathi kum phaya ezantsi emlanjeni, xana Yehlayo kulaa Ntsika yoMlilo omfanekiso Wayo niwubonayo, kwaye Yathetha nam yaza Yathi, “Ufanele uthabathe lo Myalezo ujikeleze ihlabathi.”

Kwaye ndikhumbula eGreen’s Mill xa Wayethetha nam.

<sup>79</sup> Ndahamba ndayakuxelela umalusi, wandixelela, wathi, “Billy, utye ntoni ngobo busuku? Uphuphe kakubi.” Wathi, “Buyela emsebenzini wakho. Usebenza kwiNkampani yeNkonzo Zoluntu, unomsebenzi olungileyo, buyela emva kwaye uhoje owakho—owakho umsebenzi, nyana.” Wathi, “Uphuphe kakubi. Utye into ethile.” Ayizange indikhathaze nakancinci loo nto!

<sup>80</sup> Xa ndandiqala ukuya kwiinkonzo zempiliso, abaninzi benu balapha bayawukhumbula uMyalezo wam ngaloo ntsasa, *Njengoko uDavide waya kuhlanguana noGoliyati*, ndaqhubeka ndashumayela.



<sup>81</sup> Kwaye bandixelela, bathi, “Kwimihla yenzulwazi yalemihla, xana sinazo zonke iintlobo zokuhlolwa kwamachiza, xana sinabangcono oogqirha, xana ibandla liye layilibala impiliso eNgcwele nezinto kwemininzi, emininzi iminyaka eyagqithayo, uya njani phambi kwengxilimbela enkulu ngolwahlobo? Uzakuya kanjani phambi kobuso bamaWisile, namaBhaptizi, namaRhabe, nezinto ezinjalo, kunye nkqu namaPentekoste, abayilibeleyo kwixesha elide eladlulayo, baya kwimvumo nkolo zabo? Uzakhangelana kanjani, ngaphandle kwehlelo okanye kungekho nto ingenye ukukuxhasa? Yintoni ozakuyenza, Bill?” Ngenye, indlela engenye, ayizange indiyekise nakancinane, kuba esandleni sam ndaye ndiphethe isitshixo! Ndathi. . . Bathi, “Akukho mntu uyakukukholwelwa. Awuyikuba nako ukuyenza. Akukho mntu uyakukukholelwa.”

<sup>82</sup> Ndathi, “Andikhathali. Kunento enye eqinisekileyo; uThixo undibizile, kwaye kumele ndiye kuba uThixo undibizile.” Ndandiphethe isitshixo. Wayendibizile, Wayendibonisile, Wayendixelele, kwaye ndabubona uBukho Bakhe xana Wandithumayo, kwaye isitshixo sasikho!

<sup>83</sup> Umalusi wathi, “Ngebanga lesixhenxe lemfundo, kwaye uya kushumayela kwaye uthandaze phambi kweekumkani nabalawuli!”

Ndathi, “OkokungokweLizwi Lakhe!”

<sup>84</sup> Malunga neli xesha kunyaka ophelileyo, okanye iveki okanye ezimbini ngaphambi koko, xana ndeza enkonzweni apha ndaze ndanixelela ukuba iNkosi uThixo yandinika umbono, wokuthabatha uhambo lokuzingela, kwaye i—silwanyana esithile endandiya kusifumana, esasiya kuba neempondo ezimashumi mane—anesibini ee-intshi kuso. Kwaye endleleni ebuyayo ukuya kufumana esi silwanyana (apho sisayakube sihleli khona, indawo esasiyakube sikuyo), endleleni ebuyayo ndandiya kubulala ibhere elikhulu elingwevu. kwaye ndaya kweli lithile icandelo, ndaze ndathetha kwi ndoda, yaza yathi, “Andazi kwasilwanyana sikhangeleka njengeso. Kwaye ngokuphathelene nebhere elingwevu elikhulu, andizange ndalibona nelinye.”

Ndathi, “Kodwa ndaweni ithile limele ukubalapha.”

<sup>85</sup> Ke wathi, “Asiyi nokuya kwilizwe lamabhere. Sinyukela ezigusheni, kwindlela epehzu kumda wehlathi.” Ke, ndaya kunye naye.

<sup>86</sup> Kwaye kusuku lesibini phandle, kanye kulo ndawo, ngqo kulandawo iNkosi yathi, nako kuhleli isilwanyana. Ke xana ndayayo kwaye ndasifumana isilwanyana, kwaye kwathi ngelixa sithabatha isikhumba kunye neempondo kunye nanjalo njalo, kuso, wathi, “Ndifuna ukukubuza okuthile. Undixelele, kwiintsuku ezintathu ezidlulileyo xana si—sishiya inkampu,

ukuba emva kokuba udubule esi silo sithile, ukuba endleleni ebuyayo wawu ‘uza kubulala ibhere elingwevu elikhulu.’”

Ndathi, “Lowo ngu ITSHO INKOSI!”

<sup>87</sup> Wathi, “Andithandabuzi,” wathi, “ngokuba umntakwethu wayenesathuthwane, kwaye awuzange wambona ebomini bakho, xana wawuphezulu apha ngaxesha lithile, kwaye wandixelela ukuba lankwenkwe yayiya kuphiliswa xana ndisenza into ethile. Kwaye yaphiliswa.” Wathi, “Ngoku, kodwa, Mzalwana uBranham, ndifuna ukukubuza,” wathi, “Ndiyabona konke ukuhla kulantaba ukuya kufika apho umda wehlathi ukhoyo, lamahashe amileyo. kwaye akukho nto phaya. Akukho kwachaphaza langca, akukho kwalitye, akukho nto.” Utyani i-caribou, emalunga nee-intshi ezimbini ukuphakama, entla komda wehlathi, imayile okanye ngaphezulu ukusuka kumda wehlathi. Wathi, “Liyakuba kuphi na ibhere?”

<sup>88</sup> Ndathi, “UThixo uNgu Jehovah-jireh. Ukuba Undixelele kuyakubakho ibhere phaya, liyakubakho phaya.”

<sup>89</sup> Ezantsi entabeni, ngalo lanko ixesha sifumana isiqingatha semayile okanye into enjalo, kufutshane, wathi, “Mzalwana uBranham, kungali xesha lokuba elabhere libonakale.”

Ndathi, “Ungaxhalabi, liya kuba lapha.”

<sup>90</sup> Kwaye xana sasiphantse namalunga kumakhulu amahlanu eyadi walondawo amahashe ayekuyo, kwafuneka siphumle kwakho neempondo ezinzima kunye nezinto emiqolweni yethu. Kwaye wakhangela ngenxa zonke kwakhona, kwaye ndabona ubuso bakhe njengoko wajonga kum, njengokungathi emazantsi wentliziyo yakhe wayezibuza. Yabona, wayethembile ukuba liyakuba phaya, kodwa wayengenaso isitshixo.

<sup>91</sup> Kodwa ngandlela ithile, ngobabalo lukaThixo, Akakaze wasilela kum. Xana Wandixelelayo kuya kubakho ibhere elikhulu elingwevu phaya, ndaye ndine sitshixo. Andizange ndiyithandabuze nakancinci, nakancinci nje. Ndaguqukela kuye, ndaze ndathi, “Bud, liya kuba phaya.” Kwaye njengokuba ndaguquka, naliya liphaya ibhere [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] limi kanye phezu kwethu, malunga nesiqingatha semayile.

<sup>92</sup> Wazinxiba iiglasu zokujonga, wathi, “Billy, ke ndincede, libhere elikhulu elingwevu!”

<sup>93</sup> Yabona, isitshixo, umbono, iLizwi leNkosi, akukho nto inokuLiguqula okanye iLimise. Into edingwa libandla ngokuhlwanje asiyomfundo. Into edingwa libandla ngokuhlwanje asilohlelo. Into edingwa libandla ngokuhlwanje asiyomvumo nkolo. Into edingwa libandla ngokuhlwanje sisitshixo seZibhalo, uMnyango. Ntoleyo, uKristu uliSango, kwaye Yena uliLizwi. Ukhohlo kwiLizwi likaThixo ophilayo luvula yonke iminyango.

Thixo, sinike isitshixo. Sinike isitshixo.

<sup>94</sup> AmaHebhere, isahluko se-12, athi, “Singqongwe lilifu elingakanana lamangqina nje, masithi nathi siwubekile nxamnye wonke umthwalo, nokungakholwa okunokusirhawula ngokulula.” Ithi “isono,” ntoleyo, *isono* ku “ukungakholwa.” Yabona? Isono esinye kuphela, kukungakholwa oko.

<sup>95</sup> Kwaye *isono* sithetha “ukuphosa indawo ephawulweyo.” Njengokuba udubula, uphosa indawo ephawulweyo, ngcono ulungise umpu wakho, yabona, ngokuba kukho into engalunganga. Uphose indawo ephawulweyo. Yabona, buya uzame kwakhona. Yabona? Kuthetha ukujika, uphose indawo ephawulweyo. Xa ufuna ukuba ngumKristu, uze uhambe ujoyine ibandla, uyiphosile indawo ephawulweyo. Xa ufuna ukuba ngumKristu, kwaye ube ufefiwe egameni lika “Yise, Nyana, Moya oyinGcwele,” uyiphosile indawo ephawulweyo. Kungcono ubuye umva. Awuyi kuba sekuchaneni. Uya kuchithachitha, ngokuqinisekileyo njengehlabathi. Inye kuphela iNto enokukubamba emgceni ogqibeleleyo, eso siSibhalo, iBhayibhile, iLizwi. Kuba, kokubini amazulu nomhlaba aya kudlula, kodwa iLizwi likaThixo alisayi kudlula.

<sup>96</sup> Ngoko, bamba isitshixo, ukholo eLizwini! Kwaye yonke intwana yokholo oyikholelwayo, kwaye ungathandabuzi nechaphaza elinye, ungavula yonke iminyango emi phakathi kwakho kunye nentsikelelo uThixo anayo ukwenzela wena. Wanga uThixo angasinceda ukuba sibe nezitshixo, ngumthandazo wam. Masithobe iintloko zethu ngoku ukwenzela ilizwi lomthandazo.

<sup>97</sup> Bawo wethu waseZulwini, siyaKubulela ngobubusuku ngokuba Usinike isitshixo sokusivulela usindiso. Ndi—ndiyaKubulela ngaloo nto, Nkosi, ukuba sisindisiwe, nangesitshixo esibe nako ukusisebenzisa ukuza kuthi ga ngoku. Kodwa, Thixo, sinike ukholo, lokuba onke laMazwi abhalwe eNcwadini Yakho azintsimbi ezincinane, kwaye esi Sitshixo sibizwa ngokuba nguYesu...eli Sango, ndithetha ukuthi, libizwa ngokuba nguYesu; nesitshixo, esibizwa ngokuba lukholo, sichukumisa lonke iLizwi, siyalivula. Sihambisa laa ntsimbi incinci ihle kwaye sinokungena kuloo ntsikelelo. Bawo oseZulwini, sinike izitshixo, ukuze sibe nako ukuba nokholo kwizithembiso zikaThixo, ukuze ukholo lwethu lungasileli, ukuze sibe nako ukuba yinkonzo kuWe nakwabo sinxulumana nabo.

<sup>98</sup> Xolela sonke isono sokungakholwa kwethu, Nkosi, uze usincede sibe ngaBakho. Siza ngoku etafileni yomthendeleko, kwaye ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uya kusixolela zonke izono zethu, ukuze sibe nako ukungena eluvuyweni lobudlelane obujikeleze isithebe sikaThixo. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>99</sup> Mzalwana wam, dade, ukuba unaso isitshixo soBukumkani, isitshixo soMnyango, isitshixo sosindiso, uThixo akuncede uvule iingcango kwaye uvumele uYesu angene. Mvumele ukuba akunike izinto ozingwenela ka—kakhulu.

<sup>100</sup> Ngoku, umzuzwana nje phambi kokuba siqale ukufunda ngomthendeleko, ndifuna ukuthetha into ngokuba ikumthendeleko. Kwaye xa sifika kwesi sibengelelo, inye kuphela indlela yokuza, oko kukuthi, ukuba sibambe isitshixo sokholo ezandleni zethu, oko kusenza sazi ukuba izono zethu zixolelwe. Kwaye ukuba asinaso esa sitshixo sokuvula ela Sango, lokuba izono zethu zixolelwe, asinamsebenzi esithebeni seNkosi. Ngokuba, lowo udlayo kwaye uselayo ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli umzimba weNkosi. Ngoku, leyo yinyaniso.

<sup>101</sup> Ndinga ukuba sonke siyazi ukuba namhlanje luSuku lweSizwe loMthendeleko. Lo ngumhla apho onke amabandla athatha umthendeleko. Lusuku lweSizwe loMthendeleko kwisizwe. Kwaye ndacinga ukuba kuya kufaneleka ukuthetha igama okanye amabini ngomthendeleko ngaphambi kokuba siwuthabathe, ngelixa umalusi, ukuba uyathanda, abe elungiselela iZibhalo ukwenzela ufundo lo—loocwangco lwesithebe seNkosi. Ngoku, lo mthendeleko...Ngoku, andizukuthatha kuphela malunga nemizuzu nje elishumi.

<sup>102</sup> Lo mthendeleko esilungiselela ukuwuthabatha, ube yeyona mpikiswano inkulu yayo nayiphi na imfundiso eBhayibhileni. Yayiyeyabo...enye yeempikiswano zabo zokuqala kwibandla langaphambili. Kwaye namhlanje amaProtestanti, ama-episcopalian namaWisile, kunye namabandla amaninzi amaProtestanti, bangayamkela ngovuyo eyamaKatolika, imfundiso yamaKatolika angamaRoma, ukuba banganako ukugqitha loo ndulana yomthendeleko. kodwa baya kuvumelana ukuba umbengeleli ufanele atshate kwaye babe ngabalungiseleli, icawa yamaKatolika yavumelana noko izihlandlo eziliqela kwiinkomfa nakwiintlanganiso zabo. Bayavumelana ngayo. Kwaye bayakuvumelana kwimithandazo eyahlukeneyo, nanjalo njalo, ibandla lobuProtestanti liyakuvumelana kuyo. Kwaneekatekizim nanjalo njalo, isibengelelo esincinane apha naphaya, kwaye ibandla lobuKatolika likulungele ukuyenza. Kodwa xana kufikwa kumthendeleko, phaya bawa. Nabani na owakhe wafunda imbali uyayazi loo nto. Kodwa, kakade, kwindlela yam yokucinga, bayakubanokuninzi amabasuke kuko, phambi kokuba ndi—ndingayamkela, uyabona, ngokuba asiyoBhayibhile.

<sup>103</sup> Kodwa ndifuna uthethe into ibenye kwibandla lobuKatolika. Uyazi ukuba ibandla lamaKatolika, ekuqalekeni, yayilibandla lepentekoste lobupostile? Ngokuqinisekileyo kwakunjalo! Yayisisiqalo sokuqala sebandla. Kwaye uyabona

apho ba—apho bafikelela khona, baqhubeka besusa iLizwi kwaye befaka umgaqo.

<sup>104</sup> Kwaye ukuba ibandla lePentekoste kufanele libekho elinye ikhulu leminyaka, liyakuba kude eBhayibhileni kunokuba linjalo ibandla lobuKatolika namhlanje, kwindlela elihamba ngayo ngoku.

<sup>105</sup> Yalithabatha ibandla lobuKatolika aliqela amakhulu eminyaka ukumka kuLo, amakhulu amathathu eminyaka, ukusuka kwibandla lokuqala ukuya ekwenzeni umbutho ibandla iKatolika yaseRoma, abathi bayiqala. Kwaye babambile, bezisa izidwangube ezinkulu nezinto, kwaye basika basuse *oku* bafaka *oku*, baze bakhupha *oku* babeke *okuya*, kwaye bothule izithixo zobuhedeni bamisa imifanekiso eqingqiweyo yobuKristu, nanjalo njalo, nokuyekelela nje kuloo Nto bade bafikelele kwinto abanayo ngoku, ibandla lobuKatolika lamaRoma.

<sup>106</sup> Kwaye ibandla lobuProtestanti bePentekoste ukusuka kwi—iminyaka engamashumi amahlanu ikhona, kwaye apho iwele khona ukusuka apho yaqala khona, iyakuba yimo embi kunenkonzo yamaKatolika, kwikhulu leminyaka ukusuka ngoku. Injalo lonto. Elo ligama elikhulu ukulithetha, kodwa jonga nje apho bawele khona. Baya kungena ngqo kumbutho, baya kungena ngqo ekuyekeleni *koku nokuya*, nayo yonke enye into. Kwaye nabo behamba, yabona, bebuyela emva kanye.

<sup>107</sup> Kodwa, *umthendeleko*, ubizwa “isidlo seNkosi sangokuhlwa.” Ngoku, uninzi lwabantu, bafuna ukuwuthatha kusasa. Ayikhange ithi eBhayibhileni yayisisidlo Sakhe *sakusasa*. Kwaye banjani aba bantu namhlanje, bangatsho kanjani futhi ukuthi “Isidlo seNkosi sangokuhlwa,” kwaye abakwenzi. Basike isidlo *sangokuhlwa*, baze basishiya, baza basibiza “isidlo semini,” ubuvuvu. Isidlo sangokuhlwa!

<sup>108</sup> Ngoku, kwakusoloko kuyimpikiswano ngamaxesha eBhayibhile, yayiyimpikiswano ngoko. Abantu babengasiqondi isidlo seNkosi sangokuhlwa. Xa beza esithebeni, uPawulos wawaxelela loo maKorinte, babesiza kunxila esithebeni seNkosi. Yabona, kwakungaqondwanga kanye ngoko. Wathi, “Ukuba ufuna ukutya, yitya ekhaya.”

<sup>109</sup> Kwaye enye into, yayingaqondwa kakuhle, ukuba yayiyintoni na. Aboni, nabantu abaphila esonweni, beza bathabathe umthendeleko. Kwaye oko akuzange kuqondwe. Indoda ehlala nonina, umama owamkhulisayo, kwaye nebandla lamxelela ngayo; ukanti basadla umthendeleko etafileni.

<sup>110</sup> Kwaye kwakukho izahlukano phakathi kwabo, kwaye ukanti babesathatha umthendeleko. Wathi, “Ndiyaqonda ukuba nihamba njengeeNtlanga zonke. Kwaye kukho—kukho ukungavisisani phakathi kwenu, njengo—ngokukodwa endlwini

kaKefas, nanjalo njalo.” Wathi, “Nihamba njengeeNtlanga zonke.” Yabona, yayingaqondwa kakuhle.

<sup>111</sup> Umthendeleko ubusoloko ungaqondwa kakuhle. Ngoku, ndingaqhubeka noko kangangeeyure, kodwa simelwe kukufumana lo mthendeleko nokuhlanjwa kweenyawo. Ngoku baye bakuyeka kwaphela ukuhlanjwa kweenyawo, kodwa ambalwa nje amahlelo. Uninzi lwamaPentekoste bamke ngokupheleleyo kuyo. Yabona? Kwaye iseseBhayibhileni kanye ngenhlela eyabhalwa ngayo. Yabona?

<sup>112</sup> Ngoku, iRoma ayiyibizi “umthendeleko.” Bayibiza “umhlangano wabanquli, ngumhlangano ongwele wabanquli.” Abawuthabathi umthendeleko, bathabatha umhlangano wabanquli. Ngumhlangano wabanquli, kwaye umhlangano wabanquli ngokuqinisekileyo uthabatha intsingiselo eyiyeyona kumthendeleko. *Umhlangano* wabanquli uthetha “ukuthemba.” Bathabatha umhlangano wabanquli bethemba (okokuba ekwenzeni oku kumhlangano wabanquli) okokuba uThixo uya kubaxolela izono zabo, ngokuthatha “umzimba kaKristu wokoqobo, athi umbingeleli awuguqulele kuMzimba neGazi likaKristu,” bathabathe oko, benethemba lokuba uThixo uya kuziyeka izono zabo ngokwenjenjalo. Ngumhlangano wabanquli.

<sup>113</sup> AmaProtestanti ayibiza loo nto “umthendeleko.” Umthendeleko uthetha “umbulelo.” Ukuba umProtestanti... UmKatolika uthabatha umhlangano wabanquli, kumhlangano wabanquli enethemba lokuba uThixo uyawaxolela ekwenzeni kwawo ububi. UmProtestanti uwuthabatha ngokubulela oko sele kwenziwe ngokunxibelelana noThixo; ukunxibelelana naYe, ukuba sele yenzekile. UmKatolika unethemba lokuba yenziwe; umProtestanti uthi sele yenziwe. UmKatolika uyazibuza ukuba izono zakhe zixolelwe na; umProtestanti uyavuma ukuba zixolelwe, okokuba ukhululekile. Kwaye umthendeleko kukunxibelelana noThixo. Yaye la manqaku esiwathabathayo, kungekhona kw*ithemba* lokokuba izono zethu zixolelwe, kodwa ukuba zixolelwe. Kungenxa yokuba... Omnye lithemba; kwaye omnye lukholo. Omnye unethemba lokuba unyanisile; kwaye omnye uyazi ukuba unyanisile. Yabona? Yena omnye, omnye unethemba, ngokuba engazi apho ami khona; yena omnye uyazi ukuba unyanisile, ngokuba uyakwazi oko wakuthethayo uThixo. Yiyo leyo. Lowo ngumahluko. Ngoko ke, xa unethemba nje, lumka; kodwa xana usazi, ngoko qhubeka. Yabona, ngoko ukubudlelane noThixo. UmProtestanti, uthi uxolelwe kwaye uyayazi loo nto; umKatolika unomhlangano wabanquli, unethemba lokuba uyakuxolelwa. Ifana nje noku: omnye ngumngqibi, enethemba lokuba yonke into ilungile, yabona; omnye ngumngqibi ebulela ngento esele yenziwe. Bobabini bangabangqibi. Kodwa omnye uyangqiba, enethemba lokuba woyifumana; omnye umngqibi uyazi ukuba uyifumene,

waza waMbulela ngokumnika yona. Ngoku, nango umahluko. Ngumthendeleko lowo. Ewe, mhlekazi. Omnye unethemba lokuba uxolelwe; omnye uyazi ukuba uxolelwe, kwaye ebulela ngenxa yoko.

<sup>114</sup> Ke, umthendeleko ngowamaKristu azelwe ngokutsha ngoMoya kaThixo. Kwaye *ukuzalwa ngokutsha* akuthethi ukuba ngoku unoMoya oyiNgewe. Ngoku khumbula. Ngoku, abaninzi bafundisa oko. “Andazi nabani na oyifundisa ngolu hlobo,” njengokuba uMzalwana u-Arganbright omdala watshoyo ngoba busuku esepulpitini apha, yabona. Kodwa, ukuzalwa ngokutsha asilobhaptizo loMoya oyiNgewe. ISibhalo asiyixhasi, andicingi, yabona, kwindlela yam yokuyibona. Yabona? Ndiyakholwa ukuba uzalwe ngokutsha . . .

<sup>115</sup> Kwaye naso isizathu sokuba ndisebenzise igama elithi ubhaptizo eGameni likaYesu Kristu, kodwa hayi ukuzalwa ngokutsha. Ngoku, iPentekoste, ibandla i-United Pentecostal, libhaptizela eGameni likaYesu Kristu ukwenzela ukuzalwa ngokutsha. Andiyikholelwa loo nto. Kwaye banokuyenza ukuba bayafuna. Kodwa ndiyakholwa ukuba uPetros wathi, “Guqukani,” kuqala. Amanzi akazixoleli zono. Ibandla likaKristu liyishumayela ngolo hlobo. Kodwa ndiyakholwa ukuba inguquko, usizi lobuthixo; *ukuguquka* kuthetha “jika, buyela umva,” uphose uphawu, “qalela kwakhona.” Yenza okuya kuqala! Kwaye ubhaptizo lwakho emanzini ngumsebenzi wangaphandle kuphela wento eyenziwe ngaphakathi kuwe, okokuba umamkele uKristu njengoMsindisi wakho.

<sup>116</sup> Ndicinga ukuba libandla nje apha ngokuhlwanje, ngokokwazi kwam, andikho apha ngokwaneleyo ukuba ndazi ukuba ngubani ozayo okanye ongeziyo. Ndibe nokugxekwa okuncinci apha kungekudala kwixesha elidlulileyo ekubhaptizeni indoda apha equleni, umfo omdala. Ndaye ndaya kuye, yayilixhego elilungileyo. Ndaba nenyhweba yokukhokelela lonke usapho lakhe kuKristu, yonke ingamaKristu. Eli xhego yayilixhego elilungileyo, kwaye ndalithanda, ke ndaya kulo ndaze ndathi kulo, “Tata, kutheni ungabi ngumKristu?” Liyandithanda.

<sup>117</sup> Lathi, “Mzalwana uBranham, ndiyakuba ngumKristu xa ndinokulunga ngokwaneleyo.”

<sup>118</sup> Ndathi, “Ndikuxelele into oyenzayo, Tata. Ujonge ngapha nangapha ude ufumane apha ungalunga khona ngokwaneleyo, uze undixelele ukuba iphi loo ndawo, ndifuna ukuya, nam.” Ndathi, “UKristu akazange eze kusindisa umntu olungileyo. Uze kusindisa umntu ongalunganga.” Xa ucinga ukuba ulungile, ngoko Akazanga kusindisa wena. Uza ukuzokusindisa Abaziyo ukuba babi. Yabona? UKristu wafa ukuze asindise aboni. Yabona? Ndaze ndathi, “Tata, kukho umgca kanye apha.”

Wathi, “Ke, ndiyatshaya le midiza.”

Ndathi, “Andizukuthetha nokuthetha ngayo.”

Lathi, “Ndizamile ukuyiyeka, Mzalwana uBranham.”

Ndathi, “Kulungile, asizukuthetha malunga nemidiza.”

Lathi, “Ke, xa ndikwazi . . .”

<sup>119</sup> Ndathi, “Musa—musa ukuphinda uthethe ngayo, yiyeka. Ndifuna ukukubuza umbuzo.”

Lathi, “Kulungile, yintoni?”

Ndathi, “Uyakholelwa ukuba kukho uThixo?”

<sup>120</sup> Lathi, “Ngokuqinisekileyo, ndiyayikhola.” Lathi, “Ndiyakholelwa oko ngamandla njengoko usenza, ndingaqikelela, Mzalwana uBranham.”

<sup>121</sup> Ndathi, “Uyakholwa ukuba laa Thixo mnye wawela ubunzima Bakhe waza wenziwa inyama waze wahlala phakathi kwethu ngokobuntu bukaYesu Kristu, ukuze asindise umntu?”

Lathi, “Ewe, ndiyakhola yiloo nto.”

“Kwaye Wafa ukuze asindise aboni njengawe nanjengam?”  
Yabona?

“Ewe, ndiyakhola yiloo nto.”

<sup>122</sup> Ndathi, “Ngoku, ifana nje noku. Sonke sikwisakhiwo esinye esikhulu apha, kwaye sisentolongweni, kwaye andikwazi ukuma kule kona ndize ndithi ‘oku kuzakundinceda ndiphume entolongweni,’ Ndime kula kona ndize ndithi ‘okuya kuzakundinceda ndiphume entolongweni,’ sonke sikwimeko efanayo. Kwaye wonke umntu owazalelwa kweli hlabathi wazalelwa esonweni, wabunjelwa kubugwenxa, weza ehlabathini ethetha ubuxoki. Ungumkreqi, okokuqala.”

<sup>123</sup> Omnye wabuza ngenye imini, wathi, “Mzalwana uBranham, ukuba . . . ingaba kuya kubakho umahluko phakathi kuka-Adam no-Eva, nabantwana babo namhlanje, ukuba bathe bahamba ze bonke, bahamba e . . . Ingaba—ingaba imizimba yabo ingaba iyafana?”

<sup>124</sup> Ndathi, “Hayi, mhlekazi.” Sasibuyela ekhaya sivela ekuzingeleni oonomatse, uMzalwana uFred kunye nam, neqela labo. Ndathi, “Hayi, aziyi kufana.”

<sup>125</sup> Wathi, “Ingaba uthetha ukuba u-Eva wayengayi kuba ngumfazi njengeentombi zakhe, kwaye u-Adam wayengayi kuba yindoda njengoonyana bakhe?”

Ndathi, “Kwiimeko ezininzi, kodwa kungekhona kuzo zonke iinkalo zomzimba.”

Wathi, “Ubuya kuba yintoni umahluko?”

<sup>126</sup> Ndathi, “Babengayi kuba nayo nayiphi na inkaba. Badalwa. Injalo. Babengadityaniswanga nanto.”



127 Okoko nje oko kusekho kuyo yonke into ezelwe kweli hlabathi, ibonisa ukuba ngumkreqi, indawo yokuqala. Injalo lonto. Ndathi, “Ngokuqinisekileyo, kukho umahluko. Babengayi kuba nenkaba. Babengadityaniswa nakweliphi ibhinqa, ukuza apha.” Yabona, uThixo wabadala.

128 Ngoku, ndathi, “Ndifuna ukuthetha into. Wonke umntu kule ndlu yentolongo, ngubani ongcwele? Ngubani ongazalwanga ngesondo? Ngubani onokunceda omnye, nokuba uyintoni na? Sonke sikwintolongo enye. Kodwa uThixo Wazenza enye yendalo Yakhe waza weza ngaphaya kokwabelana ngesondo, ngeGazi elingcwele Awalidalayo ngokwaKhe, waza ngalo elaGazi Wasihlangula.” Ndathi, “Uyakukholelwa oko, Tata?”

Lathi, “Ndiyayikholelwa lo nto.”

129 Ndathi, “UKristu wafela abantu abakhohlakeleyo njengawe. Ngoku, inye kuphela indlela yokwenza. Akukho nto unokuyenza. Uyakunika yona. Awukwazi ukufaneleka gayo. Akukho nto unokuyenza ukuze uyifumane. Ukunika nje. Uyakuyamkela into Akwenzele yona, ukukukhusela esihogweni?”

130 Lathi, “Ndiya kuyenza loo nto.” Lathi, “Kodwa ukuba bendinokusuka nje ndilahle le midiza.”

131 Ndathi, “Imidiza iya kuzihoya. Wena nje... Andikubuzi. Andikho ngqongqo ngomthetho. Ndikholelwa kubabalo. ‘Kwaye bonke aNdinike bona uBawo baya kuza kuM.’” Ndathi, “Ukuba uyayikholelwa loo nto ngentliziyo yakho yonke!”

Lathi, “Ngentliziyo yam yonke, ndiyayikholwa.”

132 “Ngoko uyakuyamkela kulo miba, ukuba awukufanelanga, kodwa nguYe Ofanelekileyo? Musa ukujonga kwisiqu sakho; jonga kuYe, kuba awunakuzenzela nto. Jonga kuLowo ukwenzele into. Kuthekani ngaYe?”

“Owu,” lathi, “Ufanelekile.”

Ndathi, “Nantso ke, ngoko kwamkele oko Akunika kona.”

Lathi, “Ndiyavuma.”

133 Ndaze ndalibhaptizela eGameni likaYesu Kristu. Kwaye lona liphuma apha lantumeka umdiza.

134 Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo bendisezantsi ndisiya kowabo. Ndabona umbono ngobunye ubusuku, womthi osoloko uluhlaza ugawulwa, umzantsi ujonge phezulu. Ndabona iibhodi zibethelelwe kuwo. Kanye ecaleni kwebhodi yokugqibela kwakukho ibhodi ephawulekayo. Kwaye ezantsi ngezantsi kwaloo bhodi, ezantsi kanye ukuya ekupheleni, ephuma ngolu hlobo, umthi waphuka kanye phaya. Laza iZwi lathi, “Bekufanele ukuba nguwe,” okanye, “Ngekube nguwe.” Waza uPapa uCox wawa, wazophula umqolo apha. Kwaza ke ngentsasa elandelayo bezisa imidiza yakhe kuye xa wayesemandlalweni, umnqweno wawumkile kuye. Kwiiveki

eziidlulileyo! Akazange angcamle nomnye, akafuni nokufuna enye okanye enye into. Yabona? Kwaye bendikhe ndambona emzuzwini odlulileyo, xa izandla zakhe bezingwevu nje yonke indawo, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, ngemidiza, kwaye ngoku akakwazi nokumelana nomnye ukuba abe ngakuye. Beka izinto zokuqala kuqala! Musa ukuzama ukuba ulunge; umbi, indawo yokuqala, kwaye akukho nto unokuyenza. Kukho umgca owahlulayo, kwaye bonke abantu bakweliya cala.

<sup>135</sup> Ngoku, xana ndazalwa kweli hlabathi, kwakuphakathi komtshato ongcwele, phakathi kobawo nomama; esibelekweni sakhe kwakukho iqanda, kwidlala likatata kwakukho iseli yegazi. Ubomi bam buqulathe loo seli yegazi (ingelilo iqanda likamama), kwiseli yegazi likatata. Kwaye xa la seli yegazi yaya kwindawo yayo efanelekileyo ukuya kuhlangana neqanda, xana yakwenzayo, indalo yayalelwa kuThixo ukuba indinike umzimba. Kwaye ngoko apho ngoko ndazalelwa eluntwini, ndanikwa ithuba lokuba—lokuba ngumntu okrelekrele njengabantu benjalo, apho ndinokuqhuba imoto, okanye ndingenza izinto njengabantu, ukuhamba, ukuthetha, ukuqhuba isithuthi, nanjalo njalo. Ndanikwa oko, ngokuba ndizalelwe kusapho labantu, kwaye ndanikwa amandla obulumko ukuba ndibe ngumntu.

<sup>136</sup> Ngoku, xana ndazalelwa kusapho lukaThixo, ndeza ngeGazi, iGazi landinika uBomi. Kwaye emva kokuba ndiphile kuKristu, Wandibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele namandla, ukuba ndibe ngunyana kaThixo. Ngoku, njengokuba ndingahamba, ndithethe njengomntu, ndiqhube imoto yam njengomntu, ngoku xana ndamkele uMoya oyiNgcwele, ndamkela amandla okukhupha iidemon, ukuthetha ngeelwimi ezintsha, ukushumayela iVangeli, ukuphilisa abagulayo. Ndibhaptiziwe! Hayi ukuzalwa; kodwa ukubhaptizwa!

Babehlanganisene kwigumbi eliphezulu,  
Bonke bethandaza eGameni Lakhe,  
Babhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele,  
Kwafika amandla enkonzo.

<sup>137</sup> Amen. Uyakholwa ukusa kuBomi obunguNaphakade, kwaye uzalwa ngokutsha ngokholo lwakho. UYesu wathi, kuYohane oNgcwele 5:24, “Lowo uwevayo aMazwi aMaze akholwe nguLowo waNdithumayo, unobomi obungunaphakade,” hayi uMoya oyiNgcwele, unobomi obungunaphakade nje. Uzalelwe kusapho lukaThixo. Kwaye emva koko wabhaptizelwa kuMoya oyiNgcwele, ngamandla obukrelekrele bokholo, ukukholelwa kwiVangeli nokuYisebenzisa nokwenza ukuba Isebenze ngokufanelekileyo. Amen. Emva koko wenza njengonyana kaThixo. Emva koko unokuzikhupha iidemon. UYesu wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo!” Yabona? “EGameni laM bayakukhupha iidemoni, bathethe ngeelwimi ezintsha,

baphathe iinyoka, basele izinto ezibulalayo.” Yabona, wamkela amandla ngoMoya oyiNgcwele, ukwenza ezi zinto.

<sup>138</sup> Ngoku, xa Wemkayo, Wathi, “Kulungile kuM ukuba Ndihambe. Kuba, Ndingemkanga, uMoya oyiNgcwele awusayi kuza.” Yabona? Efikile ke, Uya kulohlwaya ihlabathi ngenxa yesono, afundise ubulungisa, anibonise izinto ezizayo (yimibono ke leyo). “Uyakuthabatha izinto eNdinifundise zona, aze azityhile kuni.” Kwaloo Mazwi okokuba Uzile... Akukho mntu unokuliqonda iLizwi ngaphandle kobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwaye xa umntu esithi unobhaptizo loMoya oyiNgcwele, aze aliphikise iLizwi ukuba lilungile, kukho into engalunganga.

<sup>139</sup> UPawulos wayengumgxeki weTestamente eNtsha. Yayingeyiyo, iTestamente eNtsha yayingabhalwanga. UPawulos wayengumgxeki wobuKristu, uSawule. Kwaye xana wamkela uMoya oyiNgcwele, waya iminyaka emithathu ezantsi e-Asiya waza wafundisisa iZibhalo, ngokuba wayefundiswe phantsi kukaGamaliyeli, umfundisi omkhulu. Emva koko akuba ebuyile, kwaye emva kweminyaka elishumi elinesine, wenyuka waya kuhlangana noPetros eYerusalem, kwaye wafumanisa ukuba babeliLizwi neLizwi iVangeli enye. UThixo okwamnye awayenaye uPetros washumayela ngomhla wePentekoste kwaye abaxelele ukuba baguquke kwaye babhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, kwaloo Moya oyiNgcwele mnye wakutyhila kuPawulos, wabaxelela kwiZenzo 19 emva kokuba bebhaptiziwe ngelinye ixesha nguYohane, wathi, “Nimelwe kukuba nibhaptizwe kwakhona, eGameni likaYesu Kristu.” Yabona?

<sup>140</sup> Yabona, uMoya oyiNgcwele uhlala ngqo kunye neZibhalo. Lukhoko kOkuya luvula yonke imfihlelo. Amen. IBhayibhile yathi, kuYohane Wokuqala 5:7, “Bathathu abangqinayo, iZulu: uYise, iLizwi (owayenguKristu), noMoya oyiNgcwele. Aba bathathu baNye.” “Kwaye bathathu abangqinayo emhlabeni: amanzi, iGazi, uMoya. Aba bathathu abanto-nye, bavumelana kwinto enye.” Ngoku, awunakuba noYise ngaphandle kokuba noNyana, awunakuba noNyana ngaphandle kokuba noMoya oyiNgcwele; BaNye. Kodwa unokugwetyelwa ngaphandle kokungcwaliswa, kwaye ungancwaliswa ngaphandle kokuba noMoya oyiNgcwele. Ukungcwaliswa kungeGazi, ngeGazi kuza uBomi. Yabona? Kwaye uMoya oyiNgcwele ngamandla kaThixo, yabona, amandla anikwe ibandla.

<sup>141</sup> “Niya kwamkela” (intoni?) “amandla,” IZenzo 1:8, “emva koku uMoya oyiNgcwele ufikile phezu kwenu. Niya kwamkela amandla!” (Hayi “niya kuzalwa ngokutsha.”) “Niyakwamkela amandla emva kokuba uMoya oyiNgcwele ufikile phezu kwenu. Emva koko ningamangqina aM eYerusalem, kwelakwaYuda, naseSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba.” Yabona? Namkela amandla emva kokuba wamkele uMoya oyiNgcwele.

Kodwa kuqala kufuneka wamkele uMoya oyiNgcwele, kwaye lawo ngamandla kaThixo, yabona, ukubonakalisa nokubonakalalisa. Wena—wena... njengokuba wawungumntu, kwaye wafunda ukuthetha nokuhamba, kwaye wenza izinto ezenziwa ngumntu; xana ubhaptiziwe ngoMoya oyiNgcwele, unikwe amandla okwenza njengoonyana neentombi zikaThixo. Akumangalisi ukuba abantu benze kwaye benze ngendlela abenza ngayo namhlanje, abazange bazaliswe nguMoya oyiNgcwele. Ukuba bebenjalo, bebeya kwenza ngokwahlukileyo. Babanga ukuba banayo, kodwa uYesu wathi, “Niyakubazi ngeziquhamo zabo.” Ke ungayenza njani, uyabona, iphithene nje. Yabona? Kodwa buyela kwiinyani!

<sup>142</sup> Ngoku, ukuba uhamba ngokuthe tye uzibanga ukuba ungumKristu, siyakumemela ngobubusuku esithebeni seNkosi. Namhlanje, akukho ntandabuzo, umthendeleko uthatyathwe kwisizwe sonke, abanye babo ngendlela enye abanye ngenye. Kodwa ndicinga ukuba eyona ndlela ingcono yokuyenza kukulandela iZibhalo, kanye ngendlela abenza ngayo eZibhalweni. Ndinga ukuba oko kuya kwanela.

<sup>143</sup> Ingaba unayo iBhayibhile yakho, Mzalwana uNeville? UMzalwana uNeville ngoku uzakufunda iZibhalo.

[UMzalwana uNeville uthi, “Kwisahluko se-11 seyokuQala kwabaseKorinte, siqalela kumqolo wama-23:”—Mhl.]

*[Kuba mna ndakwamkela kuyo iNkosi oko ndaninikelayo nam, Okokuba iNkosi uYesu kwangobo busuku yanikelwa ngabo yathabatha isonka.]*

*[Yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza, yathi, Thabathani, nidle; ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.]*

*[Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isithi, Le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam: oku kwenzeni, ngamaxsha onke enisukuba niyisela, kwenzeleni ukundikhumbula.]*

*[Kuba ngamaxsha onke enisukuba nisivela esi sonka, niyisele le ndebe, niyakwazisa ukufa kweNkosi ide ifike.]*

*[Ngoko ke osukuba esidla esi sonka, ayisele indebe yeNkosi, ngokungafanelekileyo, uya kuba netyala lomzimba negazi leNkosi.]*

*[Kodwa makazicikide ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, ayisele nendebe leyo.]*

*[Kuba lowo udlayo kwaye uselayo ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi.]*

*[Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abaswele amandla nabayimilwelwe, kwaye abaninzi balele.]*

[*Kuba xa besizigweba, ngesiba asigwetywa.*]

[*Kodwa xana sigwetywa, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi.*]

[“INkosi ikusikelele ukufundwa kweLizwi laYo.”]

<sup>144</sup> Ihlala iyinto engcwele, into endilisekileyo, ndicinga ukuba kufuneka sithobiseni iintloko zethu ngoku ngomthandazo othe cwaka. Ndithandazeleni, ndiyandandazela. Masithandazelane, ukuze uThixo abe nenceba kuthi zidalwa ezingafanelanga ezimalunga nokuthabatha lo mthendeleko mkhulu wokukhumbula ukufa kweNkosi yethu.

<sup>145</sup> [UMzalwana uBranham uyema ethandaza ngokuthe cwaka. Indawo engenanto kwiteyiphu—Mhl.] Lo mthandazo wokuhlambulula siwenza kuWe, Bawo wethu, phezu kwesibingelelo Sakho segolide, kunye neDini lethu, iNkosi uYesu. Sikucela eGameni Lakhe. Amen.

<sup>146</sup> Ngoku ndiyakholwa ukuba abadala bayakuthabatha indawo yabo, kwaye baya . . . yebandla, kwaye baya kubanyusa abantu njengoko besiza, umqolo ngomqolo, ukuze bazuze umthendeleko. Hlala ucinga ngala ngoma:

Mvana ethandekayo efayo, iGazi Lakho  
elingabileyo  
Alisayi kuphulukana namandla alo,  
Lide lonke iBandla likaThixo elihlawulelweyo  
Lisindiswe, lingabi sona kwakhona.

Masithobeni iintloko zethu.

<sup>147</sup> Bawo Onenceba noNgewele, Yehova, uSomandla omkhulu, thumela iintsikelelo Zakho phezu kwabantu Bakho njengokuba silindile. Xolela izono sethu. Ke ngoku sinikela kuWe lo mthendeleko, le wayini, iidiliya ezikhulisiweyo, nezandla zabalungiseleli zakutyumza oku kunye. Kwaye yenziwa iwayini ngenxa yesizathu esiyizisela sona kuWe ngoku, ukuze ibe nokumela kuthi iGazi leNkosi yethu uYesu Kristu. NdiyaKuthandaza, Bawo, ukuba uyingwalise iwayini ngaloo njongo. Xolela sonke isono sethu. Kwaye banga bonke abantu abamkela le wayini emizimbeni yabo, banga bangaba nempilo, amandla, nosindiso oluvela kuWe. Siphe oko, Nkosi. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>148</sup> IBhayibhile yathi xa Waqhekeza isonka wasisikelela, Wathi, “Thabathani nidle, nguMzimba waM lo, owaphulelwa nina. Oku kwenzeleni ukuNdikhumbula.” Kwaye xa sithatha ezi zahlulo zincinane zesonka, ikosher, eyenziwe yangenagwele, senziwe ngamaKristu, senziwe ngenxa yokuba si—simele uMzimba kaKristu. Siyayiqonda ukuba—ukuba yayingabafundi bomhla kaKristu, okanye umhla webandla, abathabatha ezi zahlulo balungisa isidlo kwisidlo sangokuhlwa sokugqibela, kwisidlo sangokuhlwa sokugqibela sikaKristu. Kwaye ukuhla kuyo yonke

iBhayibhile, yayingabafundi abalungiselela ezi zinto ebantwini. Kwaye namhlanje, abafundi bethu balemihla, abazalwana bethu apha bebandla, abafundi bale Ndlela, balungiselela ebantwini. Kwaye baya kuzithabatha ezi zahlulo bazinike abantu.

<sup>149</sup> Kwaye ngoku xana usamkela esi sonka, khumbula, simele iMvana. Kwiminyaka emininzi eyadlulayo xana imvana yakwaSirayeli yayosiwe emlilweni, kwaye yathatyathwa nemifuno ekrakra, abantu baba namandla; izihlangu zabo azizange ziguge, iimpahla zabo azizange zifike zibe ngumsonto, kulo lonke uhambo bade bafika kwilizwe labo ledinga. Wanga uThixo angasigcina sisempilweni, sonwabile, siMkhonza side sifike kwiLizwe Ledinga Asinike lona.

Masithandazeni.

<sup>150</sup> Bawo waseZulwini onenceba, njengokuba ndithetha ngobubusuku ngalowa uNgcwele, uMzimba ongcwalisiweyo weNkosi yethu, kuWo ekwahlala inzaliseko yobuThixo, xa ndicinga ngalo Mzimba ukhandaniswa kwaye—kwaye usaphulwa, kwaye iGazi liphuma, umqolo Wakhe neembambo Zakhe zikhazimla, imivimbo inyuka isehla kumqolo Wakhe, xana ndicinga ngesi sonka sishwabeneyo, nesibethiweyo simele okuya, ibuya ihlaziyeke ezintliziyweni zethu, sibeka iintliziyo zethu, Nkosi, phezu kwesibingelelo Sakho ngobubusuku. Sixolele, Owu Thixo. Kwaye sanga esi sonke saphukileyo, njengoko sisiya emlonyeni waba, izicaka Zakho, kwaye banga bangaqonda ukuba yayinguMzimba Wakho oxabisekileyo owakhandaniswa wahlatywa, kwaye gemivumbo siphilisiwe. Siphe oko, Nkosi. Ngcwalisa esi sonka sekosher ngokwenjongo yaso. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

Yibambe nje umzuzu.

<sup>151</sup> Ayingomthendeleko uvaliweyo. Lonke ikholwa elingumKristu lamkelekile esithebeni seNkosi, ukuze libe nobudlelwane nathi...?...



62-1007 Isitshixo Somnyango  
e-Branham Tabernacle  
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)